

# UMTHUNYWA WANGOKUHLWA



Enkosi, kakhulu. INkosi ikusikelele.

Ningahlala phantsi.

<sup>2</sup> Unyana wam ubevukile namhlanje, kwaye wathi, “Tata, ndinqwenela ukuba sasikhe sayisayibona la cawa ngaphambi kokuba siqalise ukwakha eyethu, yindawo entle kakhulu.” Kwaye wathetha malunga... Wathi, “andizange ndihlangane nomlungiseleli okwangoku, kodwa ukuba ungumntu olungileyo njengonkosikazi yakhe, ngokuqinisekileyo ungumntu olungileyo.” Ke siyavuya ukuba lapha.

<sup>3</sup> Kwaye ndi—ndikhangele phambili ku—kumhlangano ngokuhlwanje, ukuba uThixo ethulula iintsikelelo Zakhe phezu kwethu kwaye esinceda.

<sup>4</sup> Ngoku si... ndiye ndangena nje, kwaye ndeva uMzalwana uWilliams, Ndiyakholwa, ndithetha into malunga nokuba seRamada. Kwaye ndiyaqikelela ukuba izibhengezo sele zenziwe, malunga naloo nto. Ngokuqhelekileyo bayayihoya loo nto ngaphambi kokuba ndingene. Kwaye ngokuqinisekileyo sikhangele phambili kwixesha elimnandi ezantsi kwinkomfa. Kwaye eyam indima apha ikuhlobo nje lokujikeleza kwaye ndihlangane nabazalwana nobudlelane phakathi kwabantu, kwaye ndithandaza ukuba uThixo asinike u—uhlobo olulungileyo lokushukumisa, kwaye ngoko singaya kanye ngqo eRamada kumhlangano omkhulu. Kwaye ke sizama ukutyelela onke amabandla lawo anokuthi abenako, kude kube lelo xesha. Kwaye sinexesha elimnandi. Ngokuqinisekileyo sinexesha elimnandi kunye nobudlelwane phakathi kwabazalwana bethu.

<sup>5</sup> Kwaye ngokuqhelekileyo ndi... Nabani na uyazi ukuba andingomshumayeli kangako, ndifana nje netayara elisecaleni. Kwoda ndi—ndi... Ubulungiseleli bam kukuthandazela abagulayo. Kwaye ndi... Besixinene kakhulu bubusuku, nezinto, sade sangabi nako ukufumana indawo eyoneleyo yokwenza kanjalo. Kwaye siza kuzama ukuba thina... xana sifika kwiindawo apho singanako, apha ngaphakathi, ukukhupha amakhadi athile nokungenisa abantu ngaphakathi nokubathandazela. Kodwa ukuba nomhlangano wobusuku obunye ngexesha, into ongayi kuyifumana ngokuhlwanje kwaye bayakucinezela baye phantsi kwenye indawo ethile ngobusuku obulandelayo, kwaye emva phaya kwenye indawo ethile, ke ngaloo ndlela ndenze nje uhlobo ka—kancinane—intetho encinane busuku ngabunye ngenxa yabantu, kwaye engcono leyo ndinganako kuhlobo loku... kuzuko nodumo lukaYesu Kristu, kwaye kuLowo sonke simthandayo kwaye simkholwayo, kwaye nobudlelwane bethu kunye.

<sup>6</sup> Ndiyaqikelela ukuba niyivile ingozi ekoneni, kwimizuzwana nje embalwa edlulileyo. Andazi nokuba indoda yabulawa na, okanye nokuba yayingubani na, inqwelo mafutha yadlula. Siyesamisa nje, nje ilizwi lomthandazo, kwimizuzwana embalwa edlulileyo. Malunga nebhloko ezimbini apha entla kwabe kukho umntu obethelwe ecaleni kwendlela kwaye wagilwa kuyo yonke indlela ukwenyuka esitalatweni. Kwaye umntu omkhulu ubegqunyathelwe phaya phandle. Kwaye amapolisa ebephaya, kodwa andicingi ukuba inqwelo yezigulana ikhe yafika phaya okwangoku. Bamelwe . . . Ukuba ayizange ibulawe, ngokuqinisekileyo yayi . . . Ibethwe *kweli* cala yaze yagilwa yonke indlela ukuya kutsho kumnyango kwelinye icala, ke kumele ukuba kube sisithonga esoyikekayo. Uyazi, oko nje . . .

<sup>7</sup> Kumele simkhonze uThixo mzuzu ngamnye. Asazi ukuba liliphi ixesha—asazi ukuba liliphi ixesha elo ezo zinto zinokwenzeka ngalo. Mhlawumbi sicinga ukuba akuyi kuba sithi, kodwa uyazi ukuba inokwenzeka, uyazi. Ke, ndiyakholwa uYesu wathi, “Lungelani,” kuba asiwazi umzuzu okanye ilixa esinokubizwa ngalo. Kwaye ngoko siyakuya kwindawo apho bangenazo iingozi, kwaye akukho zinkathazo. Siyavuya kakhulu kukho indawo elolo hlobo edingeni.

<sup>8</sup> Uyazi, kwaloo nginga, ngokuhlwanje, uku—ukubona ukuba siyayilangazelela indawo elolo hlobo, oko kubonisa ukuba kukho indawo enjalo. Yabona? Kwaye siyazi ukuba zonke izinto ezingumgqwetho, zonke izithunzi, kufanele kubekho into eyenza isithunzi. Isithunzi sisibonakaliso. Ke ukuba kukho ubomi obunje ngobu, buyangqina ukuba sisithunzi, ke kukho ubomi benene kwindawo ethile obubonakalisa kubo. Yabona? Uyawuqaphela umthi, indlela omhle ngayo umthi. Kwaye uyazi ukuba yintoni leyo? Luhlobo olugqwethekileyo, isithunzi, soMthi woBomi eZulwini.

<sup>9</sup> Ngoku, niyazi, xana uThixo wezayo emhlabeni, xana Wayefukamele phezu komhlaba ekuqalekeni, kwaye mhlawumbi into yokuqala eyavelayo yaba ngu—ngu nojubalala, njengoko inzululwazi zizama ukutsho. Into elandelayo inokuba yaba yinto . . . Ndiyakholwa kwindaleko yobuKristu bokwenyani, kodwa andikholwa ukuba zonke ziphuma kwiseli enye. Ndiyakholwa yiyo nje . . . uThixo wenza unojubalala, waze ngoko Wenza intlanzi, kwaye Wenza into ethile. Kwaye nje . . . Ndiyakholwa ekuveleni, kungekhona kwiseli enye, kodwa isidalwa esahlukileyo ngalo lonke ixesha.

<sup>10</sup> Kwaye ekugqibeleni Waqhubeka, esiza isidalwa esiphezulu, kwaye emva kwethuba yabonakalalisa Lowo wayesenza ukufukamela, eyayinguThixo. Ngoku, ukungqina ukuba oko kunjalo, xana uThixo wenziwa inyama yayinguYesu Kristu, indoda. Yabona? Ke, kungeyiyo iNgelosi, indoda. Ke oko kubonisa ukuba oko kwaMbonakalalisa.

<sup>11</sup> Kwaye, owu, le Bhayibhile indala izele ngalomagontsi anenceba akudala. Ndisuke nje . . . Ndiyathanda nje ukuzingela izembiwa (awunjalo?) ndize ndingene nje apho ndivuthulule lonke uthuli kuYo, kwaye ndikhangele kuYo kwaye ndibone loo nto Iyiyo. Indlela amatye anqabileyo, nina bantu niyazi apha e-Arizona, amatye anqabileyo amakhulu aphuma eluthulini lomhlaba. Kulapho avela khona. Kwaye amatye anqabileyo kaThixo anyuswa evela eluthulini, nawo. Kwaye Yena . . . Sonwabile kakhulu sivuya ukuba Usinika inyhweba yokuya kulentluzo Yakhe enkulu, kwaye yonke inkunkuma ikhutshelwe ngaphandle.

<sup>12</sup> Uyazi indlela ababedla ngokwenza ngayo? Kakade, nina bantu base-Arizona niyayazi indlela abazenza ngayo . . . ngaphambi kokuba babe nesinyibilikisi, indlela ababedla ngokuyihluza ngayo igolide. Saxelelwa ukuba babeyithabatha igolide bayibethe. AmaNdiya amadala ayedla ngokwenza oko, ayibethe. Baze bayijike nje, bayibethe bayibethe, bade bayibethe iphume yonke inkunkuma kuyo. Kwaye indlela ababesazi ngayo ukuba yonke yayiphumile kuyo (yonke into ekhangeleka njengayo nezinto ezikuyo, konke oko), xana babesazi ukuba njani, umbethi wayebona umfanekiso wakhe kuyo, wayenakho ukuzibona yena ngokwakhe. Ngoko wayesazi ukuba iza ekucaceni, xana ibonakalisa umfanekiso wakhe.

<sup>13</sup> Kwaye, uyazi, ndicinga ukuba uThixo ufuna ukwenza iBandla Lakhe ngaloo ndlela, libethe nje lonke ihlabathi liphume side isibonakaliso sikaYesu Kristu siphile kuye ngamnye wethu kwaye sibonakalisa uBomi Bakhe. Ngoko silungele ngoko oKwakhe . . . UZibonakalalisa ngathi ngelo xesha, xana sifika . . . nibubeke bucala bonke ubunzima kunye nesono eso eso sinokusirhawula ngokusisisulu, ukuze silubaleke ngomonde ugqatso olubekwe phambi kwethu, sikhangele kuMzekelo, iMbhangini noMgqibelelisi woKholo lwethu, uYesu Kristu. Ndonwabe kakhulu ngenxa Yoko!

<sup>14</sup> Ngoku, ngokwesiqhelo ndithi kubusuku ngabunye . . . Ndathi kuMzalwana uCarl Williams, ndathi, “Mzalwana uCarl, aba bantu abafuni kundiva kwakhona, benyuka besihla behamba kwezo ntlambo, ndibagcina kude kube ziyure ezimbini okanye ezintathu ebusuku.”

Wathi, “Ke, ke, yiza.”

<sup>15</sup> Ke ndiyawubulela umonde wakho u—ukundimema ndibuye kwakhona. Kwaye ngoku busuku ngabunye . . .

<sup>16</sup> Bendikhe ndathetha nenkosikazi yam kwithuba elidlulileyo, ezantsi . . . UseTucson ngoku, kwaye ndathi, “Injani imozulu?”

<sup>17</sup> Wathi, “Kuba shushu.” Kwaye wathi, “Ingaba ugcina ucwangciso?”

Ndathi, “Kanye ngokuchanekileyo, malunga neshumi okanye ishumi elinanye busuku ngabunye.”

<sup>18</sup> Ndathi kuye, “Ndizakufumana ukuphumla okuthile xana ndiphuma ndisiya e-Arizona ngeli xesha kulo mhlngano mncinane. Ndiya kuloo mabandla, abo bazalwana. Andizukubohlwaya abo bantu, Ndiza kungena nje phaya kwaye ndiza kuvumela ukucula kwenziwe, intlokoma. Ndizakuzilinganisela, ndibeke amanqaku am phantsi ukuya malunga neshumi elinesihlanu, imizuzu engamashumi amabini, ndithi ‘Amen’ kwaye ndiye ekhaya.”

Wathi, “Ingaba ukwiscwangciso?”

<sup>19</sup> Ndathi, “Ewe, sithandwa, ndim; isicwangciso esiqhelekileyo, ukuya kutsho kwiiyure ezintathu.” Abantu abalungileyo kakhulu; banomonde omninzi.

<sup>20</sup> Ke, masithobiseni iintloko zethu okomzuzwana ngoku njengoko sisondele kuYe. Ngoku, ndiqinisekile ukuba kwisihlwele esilungileyo sabantu abafana naba abakholwayo, kwaye ngakumbi... Ndibona iibhedi ezimbini zilele apha, abantu abagulayo nabasweleyo, ndiyazi ukuba banezicelo ezikhethekileyo. Akukho ntandabuzo kuphela kukho abaninzi abanye abanez izicelo. Ukuba kunjalo, phakamisani nje izandla zenu kwaye nivumele ukuba yazeke njengoko uphakamisa isandla sakho. Kwaye ngoku emthandazweni ndizakudlula ngaphaya kwaye ndithandazele aba bantu bakwezi bhedi, ngelithuba—ngelithuba silapha, ke siyakuqiniseka ukuba siyayifumana. Ukuba kukho into eyenzekayo... Bayebathembeka ngokwaneleyo ukuziswa phakathi apha, ndifuna nina nonke nithandaze kunye nam.

<sup>21</sup> Bawo wethu oseZulwini, sibeka bucala ngoku zonke ezinye iingcamango, sicoca iingqondo zethu, kwaye siza kuBukho Bakho ukuze kuhlanjululwe imiphefumlo yethu. Kwaye sizisa phambi kwethu iGazi leNkosi uYesu. Siyavuma ukuba asifanelwanga nayiyiphi na intsikelelo leyo Unokusinika yona, kodwa ngenxa yokuba Wafa ukuze sibe nokuzifumana ezi ntsikelelo, kwaye waza wasixelela ukuba size ngokungafihlisiyo phambi kweTrone, ukuze sifikelele kwezi ntsikelelo ngobabalo lweNkosi yethu uYesu, Lowo weza emhlabeni, u-Imanuweli, kwaye wathabatha indawo yomoni. Waba *sithi*, owu, ukuze thina sibe nguYe.

<sup>22</sup> Olunjani lona utshintshaniso, Nkosi! Ubomi obunesono, obubotshelelwe esihogweni obo besinabo, kwaye nokwazi ukuba Lowo weza wabuthabathela kuYe obo bomi, kwaye wahlambulula izono zethu ngeGazi elaphalalayo loBomi Bakhe Buqu. Kungaphezu kokuba iintliziyo zethu nkqu zinokucinga malunga nako, Nkosi. Kwaye ngoko, ngaphandle kwako konke oko, Wenza indlela yokubususa ubugwenxa bethu nokusiphilisa ngemivumbo Yakhe. Sinombulelo kakhulu ngokuba Wathembisa ukuba Uyakusigcina siphilile ngelithuba siMkhonza.

<sup>23</sup> Kwaye ngoku ngokuhlwanje, Bawo, kunezi celo ezininzi ebezikho...ngezandla zabo ziphakanyisiwe. Siyazi ukuba Uyakukhathalela ngamnye kubo, ukwazi okungaphantsi kwesandla, entliziyweni.

<sup>24</sup> Kwaye ndiyacela, Nkosi, ukuba Uyakulikhumbula iLizwi ngokuhlwanje njengokuba siLifunda; kwaye sicamngce ngaLo njengesifundo esincinane, njengesikolo seCawe, ukuze simke apha ngobu busuku kwaye—kwaye sibe nale nto ezintliziyweni zethu, ukuba sizive ngokungathi singasondela ngakumbi kuWe, siphuma, kunokuba besinjalo xana singena. Yiyo loo nto silapha, ukuze izise imvuselelo kwilizwe jikelele, singazi nje ukuba ingaqalisa nini na, kodwa ngolindelo olukhangele phambili kuyo, Nkosi. Sibeka phambili zonke inzame zobuntu ezo sizaziyo ukuzisa imvuselelo leyo ezisa amadoda nabafazi, amakhwenkwe kunye namantombazana, kulwazi olusindisayo lukaKristu.

<sup>25</sup> Sifuna ukuKubulela ngeli bandla, ngenxa yomalusi walo olungileyo nosapho lwakhe, nawo onke amadikoni, amathenjwa, nakuko konke oko likumeleyo. SiyaKubulela ngenxa yabo bakhaliphileyo ukuba beme ngakwicala. Kwaye, Nkosi, sithandaza nje ukuba iintsikelelo zikaThixo ziphumle phezu kwabo. Sikelela yonke inzame. Yanga esi kungasisikhululo, Nkosi, apho zonke intlambo apha zinokuza kwaye zifumane ukuphumla. Siphe oko, Bawo. Yanga imithandazo yomalusi ingaphendulwa ngenxa yabagulayo. Yanga imithandazo yakhe ingaphendulwa ngenxa yosindiso, kuyo yonke into leyo engena ngaphakathi—ngaphakathi koluhlu lweVangeli. Yanga iintsikelelo Zakho zingaba phezu kwakhe. Kwaye langa ibandla lingangasileli ngaso nasiphi na isipho somoya, langa lingaba yindawo, ibandla elingumzekelo kuwo wonke umphakathi. Siphe oko, Nkosi.

<sup>26</sup> Ngoku, Bawo, bengqengqeqe ezibhedini apha ngokuhlwanje, abangenako ukuhlala baze bonwabele umhlangano, ngabo bangenayo lenyweba. Kwaye baye babekwa apha ngandlela ithile, ngokuhlwanje. Owu Thixo, yiba nenceba! Ndiyacinga, “Bekunokuthini ukuba leya ibiyinkosikazi yam okanye umntakwethu, okanye umntu othile osisihlobo, lowo ndimazi kakuhle ngenene?” Ngowomntu othile, kwaye ndiyathandaza, Bawo, ukuba ubabalo lukaThixo, namandla Akhe, ayakufikelela ezantsi kwintlangulo eNgcwele ngokuhlwanje, kwaye ubahlangule ukusuka kwezi bhedi. Banga bangangabikho kwezi bhedi ixesha elide kunalo mhlango ngokuhlwanje. Yanga, xana behamba, iibhedi zingashiywa ngasemva. Anga amandla, lawo amvusayo uYesu ukuphuma kwelabafileyo, angayidlisa ubomi imizimba yabo kwimpilo entsha namandla kwakhona. Siphe oko, Bawo wethu. Ngoku, siyazi ukuba Wathembisa ukuyenza loo nto.

<sup>27</sup> Ngoko ke, kubhaliwe eZibhalweni, “Le miqondiso iya kulandelana nabo bakholwayo. Ukuba bathe babeka izandla

zabo phezu kwabagulayo, bayakuphiliswa.”

<sup>28</sup> Ngoku, Bawo, ukuze kungabikho mntu ekufikeleleni kwabo, ngelithuba abanye benokufikelela omnye komnye, Ndiya kuhamba ndihle kwisikhumbuzo salo myalelo. Kwaye, Thixo, ndizakulindela ukufumana incwandi evela kubo, ukuba yenziwa, kuba ndiya eGameni likaYesu Kristu.

<sup>29</sup> [UMzalwana uBranham uyalishiya iqonga imizuzu emithathu enesiqingatha ukuya kuthandazela abo bakwibhedhi, amazwi akhe akaviwa—Mhl.]

Nkosi, ndiyakholwa, Owu Nkosi, ndiyakholwa,  
Zonke izinto zinako ukwenzeka, Nkosi,  
ndiyakholwa;  
Nkosi, ndiyakholwa, Nkosi, ndiyakholwa,  
Zonke izinto zinako ukwenzeka, Nkosi,  
ndiyakholwa.

<sup>30</sup> Ekubeni omabini loo manenekazi ayezihluma, umhlaza kwelinye, kwaye, ndingakhawuleza nje ndinike obu bungqina buncinane, ukuba kufuneka ndinqumle enye yentetho zam ibe mfutshane. Ngaphambi nje kokuba ndimke ekhaya, ingxaki yokugqibela endandinayo ngaphambi kokuba ndihambe, yayiyingxaki ebalaseleyo, kwakukho inenekazi laye igama lalo linguDyer; waye ngu, ndilibala igama lakhe ngoku. YayinguGqirha uDyer, ophuma eLouisville. UJames, uGqirha uJames Dyer, ingcali yezihluma, na njalo njalo, eLouisville.

<sup>31</sup> Intombi yakhe yayidlala ipiyano kwibandla le The Open Door, elo uGqirha Cauble engumalusi kulo; nje i, owu, enkulu, enkulukazi yakudala indlu yesikhungu samaYuda. Kwaye indoda ngokwayo yayingeyeBandla likaKristu, iBandla lehlelo likaKristu, kwaye waguqulwa ekukholweni ivangeli yeVangeli elipheleleyo, indoda elunge kakhulu. Kwaye wadlala kumhlangano wam xana ndandinawo eLouisville, kwiHolo yeSikhumbuzo. Kwaye wamangaliswa kukubona loo nto yenzekayo, kwaye wazama ukumxelela uyise malunga nayo.

<sup>32</sup> Wathi, “Lufundo lwengqondo nje. Abo bantu basagula kanye njengokuba babenjalo.” Kwaye ke—ke ubengasayi kuyikholelwa Lonto.

<sup>33</sup> Ekugqibeleni walunyulwa wemka wasuka ebandleni, watshata inkwenkwe evela kwisikolo sabefundisi saseBhaptizi, kwaye ekugqibeleni wemka wasuka kwinkolelo yakhe. Wayeqeqeshelwe ukuba ngumlungiseleli, nanjengoko amaBhaptizi esenza ngaloo ndlela. Kwaye ke bona... Ekugqibeleni wemka, wayengafuni ukushumayela. Kwaye bafudukela kubantu bakowabo eRockford, e-Illinois.

<sup>34</sup> Ekugqibeleni yena, uJean, waqalisa ukuba nengxaki yobufazi. Waya kutata wakhe ukuya kuhlolwa, wabuyela eLouisville ukuze ahlolwe. Kwaye, xana bekwenzile, bafumana into ebizwa ngokuba li “thumba letshokolethi,” likwidlala

lobufazi. Ukususa oko, uyise, ngotyando olukhulu, kwaye kumele ukuba wachitha amanye a—amathumba kuye. Kwaye ekugqibeleni. . . Kwaye bamnika iX-reyi ethile enzulu kunye—kunye nonyango.

<sup>35</sup> Kwaye ke ngoko xana bona. . . xana wabuyela emva ekhaya, kwaye waqhubeka ukuba nengxaki.

<sup>36</sup> Kwisithuba esingangonyaka kamva bambuyisa ukuze aphinde ahlolwe kwakhona, kwaye bamsusa isibeleko ngokupheleleyo. Kwaye xana besenza njalo, utata, kunye noGqirha uHumes, ongomnye woogqirha abakhulu baseMzantsi, batyanda, kwaye kwasekukude kakhulu, umhlaza wawusele uzisongele kwithumbu elikhulu. Ke bamshiya phaya ngoko okwethutyana. Ngoko wazama unyango lweX-reyi kwakhona, kwaye babona ukuba ayenzanga nto ilungileyo, ke bambuyisela nje esibhedlele ukuya. . . Babengenako ukumnika enye into ngaphezulu yesisu yokuthambisa ukuze yenze amathumbo akhe ashukume, ke bazama ukumhlamba nge-enema. Kwaye oko kuye ke kwabangela ukuba amanzi angaphindi angene emathunjeni kwakhona.

<sup>37</sup> Ke ngoko umyeni wakhe wayengomnye wohlobo lwabagxeki bam. Kwaye ke ekugqibeleni ngenye imini wehla waya phaya waze wathabatha incwadi kwaye waqalisa ukuyifunda. (Kwaye unyana wam apha noMzalwana uSothmann, ungomnye wamathenjwa, ulapha ngaphakathi ndaweni ithile.) Kwaye wangqengqa nje kwizinyathelo zecango, ngokuba, malunga neentsuku ezimbalwa, de. . . nda—ndandikude kumhlangano. Ekubuyeni nda—ndaya ngaphaya ukumbona. Kwaye wandixelela, wathi, “Ngoku, akazi ukuba unomhlaza.” Wathi, “Nje hamba kwaye uye kuthetha naye kwaye uthandaze kunye naye.”

<sup>38</sup> Kwaye ke xana ndimbona, wathi, “Mzalwana uBranham,” wathi, “umyeni wam uyakwamkela impiliso eNgewele,” uthi, “ngokuba andibanganako ukumfumana ukuba akhangele enye yeencwadi, ngoku undifundela iphepha emva kwephepha yonke imihla, enye yeencwadi.”

<sup>39</sup> Kwaye ndathi, “Ndiyakuqonda oko, Jean.” Kwaye ndathi, “Ngoku, Jean, makhe sithethe kwaye sibone ukuba yintoni iNkosi eya kukuthetha na.” Kwakungekho mntu egumbini, umongikazi wazindulula. Kwaye ke sathetha ithuba elincinane, kwaye kwathi emva kwethuba phaya kweza umbono. Ndi. . . Umalunga namashumi amane eminyaka ubudala, akakabi ngwevu okwangoku, kodwa wayemdala kakhulu kwaye engwevu. Ndathi, “Jean, ngoku, ubusemihlanganweni.”

“Ewe, Mzalwana uBranham.”

<sup>40</sup> Ndathi, “Bakufihlele yona, kwaye bandixelele ukuba ndingayithethi, kodwa unomhlaza.” Kwaye ndathi, “Utata wakho kunye. . . Okanye umyeni wakho wathi, ‘Ungathethi

nto malunga nayo.' Kodwa unomhlaza, Jean. Kodwa, ngoku, ndifuna ukukuxelela, ngokuba ubesemihlanganweni. Umbono awukaze usilele. Ngoku ndiza kukuxelela, Jean, ngu-ITSHO INKOSI! Yabona?" Yabona?

<sup>41</sup> Ngoku, ufuna ukuqiniseka ngenene ngako oko, yabona, ukuba yi...ukuba yiNkosi. Kungeyiyo imbono; uyayibona. Yabona?

Kwaye ngoko ndathi, "Uya kuphila. Bona ba...Yena..."

<sup>42</sup> Wathi, "Mzalwana uBranham, bendikukrokrela oko ngalo lonke ixesha." Kwaye wathi, "Ndikhuliswe ekhaya utata wam ebengugqirha," wathi, "Ndi—ndi—ndiyendakukrokrela oko." Wathi, "Bendicinga oko ngalo lonke ixesha, yiloo nto nje eyayiyiyo." Sathandaza.

<sup>43</sup> Ngosuku olulandelayo, kusuku lwesibini emva koko, babeza kumthabathela ngenxa yoqhaqho lwethumbo elikhulu. Oko, uyazi, basika ithumbu kwaye babeka ingxowa ecaleni kwaye ngoko isigulane nje...bade bafe, umhlaza ekugqibeleni uyababulala, bakhuphele amathumbu ngaphandle engxoweni. Kwaye nje xana babemlungiselele, kwaye sele ilungiselelwe kwaye belungele itafile yotyando, waziva ngokungaqhelekanga ngenene. Kwaye bona...wabiza umongikazi ukuba aze kwaye amncede ukuya kwi—kwigumbi lokuhlambela. Kwaye, xana ekwenzile, waba nokugqibekileyo okupheleleyo okuqhelekileyo. Kwaye yena—yena umyeni wakhe nje khangе akwazi ukudlula kuyo. Kwaye ngosuku lwesibini...Abazange bamphakamise. Ngosuku lwesibini, ngokuqhelekileyo, nje emva kwesidlo sakusasa, okunye ukuphilisa okupheleleyo. Ke yena...

<sup>44</sup> Ugqirha wakhe wamtsalela umnxeba. Ephakathi kwesingqala nokulila, wathi, "Andiqondi nje, asinako ukufumana nkqu uphawu lawo konke konke. Umkile."

<sup>45</sup> Ngoku, ngoku, bodade bam abaxabisekileyo, andinasizathu sokuma apha njengomkhonzi kaKristu ndithethe into engalunganga, ngokuba ndiya kugwetywa ngaloo mini, kwaye ndilahlwe, njengomhanahanisi.

<sup>46</sup> Ngoku, ngeLizwi likaThixo livuliwe, andizange ndiphinde ndithandazele uJean kwaye ngokunyaniseka kunokuba ndenzile kuni, yabona. Siye nje sahlisela ezantsi la pali incinane, sisazi ukuba umthandazo wokholo wawuthandaziwe. Oko kwayigqiba kanye phaya. ILizwi likaThixo litsho njalo, yabona, "Umthandazo wokholo uya kumsindisa ogulayo."

<sup>47</sup> Ngoku, kwaloo Thixo mnye lowo waphilisa intombi kaGqirha uDyer, enguJean...andazi ukuba igama lakhe ngubani ngoku. Kodwa loo ndoda ngokuqinisekileyo isingathe iVangeli epheleleyo. Intshumayelo yokugqibela ebandleni, nanko ehleli kanye phaya eyingenisa yonke ngaphakathi, ethabatha umthendeleko kunye nathi, nayo yonke enye into, umfundi waseBhaptizi wayeze eNkosini ngenxa yobhaptizo



loMoya oyiNgcwele. Ngoku, oko nje kubonisa ukuba uThixo uhleli enguThixo.

<sup>48</sup> Kwaye ugqirha, uyise, indoda exabisekileyo, kodwa wayengazange nje ayibone nantoni na elolo hlobo isenzeka.

<sup>49</sup> Ngoku, uThixo unexesha lazo zonke izinto. Kwaye ukusuka ekukholweni, ningamakholwa nobabini. Ke ngamanye amaxesha ezi zinto zenzekela okulungileyo. Uyazi, iBhayibhile yathi, “Zisebenziselana kunye kokulungileyo.”

<sup>50</sup> Ngoku, khumbulani uYobhi, zonke izilingo zakhe? Ngoku, lowo yayingengoThixo esohlwaya uYobhi, kodwa yayinguThixo evuma umkhonzi Wakhe. Ke oko konke kusebenzele okulungileyo, uyabona. Kwaye ngoko iNcwadi kaYobhi yabhalelwa zonke izizukulwana, ukuba ibe bubungqina. Ngoku, uThixo esebenzela oko ekulungeni.

<sup>51</sup> Nje khumbulani, ndithandazile, ngentliziyo yam yonke, umthandazo wokholo. Niyakukholwa oko, kwaye phaya, oko kuyakuba yiyo, oko kuyakuba njalo, nje—nje khangela iziphumo.

<sup>52</sup> Ngoku, ukungena ngqo ku—kumyalezo, (abaninzi bamile), umyalezo omncinane wangokuhlwa.

<sup>53</sup> Kwaye—kwaye khumbulani nje ngoku, phaya e—eRamada, kuzakubakho izithethi ezilunge kakhulu kule ndibano yaseRamada ngeli xesha, aMadoda angooSomashishini, ke nawe. . . ezantsi eRamada. Ke uqiniseke ukuba uyazama ukuya kulo mhlango. UMzalwana u-Oral Roberts uyakube ephaya ngexxa yobusuku besidlo.

<sup>54</sup> Kwaye, ngoku, ndiluhlobo kancinane oluyinxalenye yaseTucson, ndiyakubambelela eTucson. Sinayo enye phaya ezantsi, kananjalo, ngobusuku bangoMvulo olandelayo, ke ukuba kwenzekile ukuba ube kulandawo phaya, ke, wena yihla uze ezantsi phaya ngokunjalo. Kwaye kuya kufuneka ukuba. . . ungathi uve ubunzima ixesha elincinane kunye nam, kuba ndimelwe kukuthetha ngako okuya. Ke yehlani ukuba ninako ngoLwesibini olandelayo. . . ngoMvulo olandelayo ebusuku eRamada Motel, iRamada Inn, eTucson. Kwaye, kakade, sonke siyazi ukuba iPhoenix ingaphandle nje kweTucson. Sonke siyakwazi oko, uyabona, ke—ke yihlani kwaye nibone ukuba bahlala njani na abantu basezintabeni.

<sup>55</sup> Ngoku masityhile kwiiBhayibhile zethu kuZakariya 14, isahluko se-6 nesesi-7, Ndingwenela ukufundela u. . . ukutsala ukusuka koku umxholo omncinane wesicatshulwa endifuna ukusithabatha.

*Kwaye kuya kuthi ngaloo mini, ukuba ukukhanya akuyi kucaca, kungabi mnyama:*

*Kodwa kuya kuba lusuku olunye oluya kwazeka kuYEHova, kungabi yomini, kungabi busuku: kodwa*

*kuya kuthi, ukuba ngexa langokuhlwa kuya kubakho ukukhanya.*

<sup>56</sup> Ngoku ndinqwenela ukutsala koku, *UMthunywa Wangokuhlwa*, ukwenzela umxho-...ukwenzela isiqendwana: *UMthunywa Wangokuhlwa*. Kakade, sinokuba nabathunywa yonke imini iphela, kwaye kubekho abathunywa konke ngayo le mini abo Wayethetha ngabo, kodwa kuza uMyalezo wangokuhlwa. Kwaye sifuna ukukhangela kuloo nto ngokuhlwanje kwaye ngohlobo lwendlela elifana nesikolo seCawe, sithethe ngayo okwethutyana.

<sup>57</sup> Ngoku, sonke siyayazi into awayethetha ngayo uZekariya apha, ngokuba oko wathi, “Kuya kuza imini leyo iya kuqwalaselwa eNkosini, ayimini ingebusuku; kodwa ngokuhlwa kuya kuKhanya.” Ngoku, ukuba besisazi ukuba bekungeyiyo mini kungebobusuku, bekuya kufuneka ukuba kube luhlobo lo—lo—losuku olubi, uhlobo losuku olunenkungu.

<sup>58</sup> Kwaye sonke siyazi ukuba impucuko ihambile ukusuka empuma ukuya entshona. Eyona mpucuko indala sinayo yiChina. Kwaye impucuko ihambile ukusuka empuma ukuya entshona, ngokuba ibilandela ilanga, kwaye ngoku sinayo yonke indlela ukuya kuNxweme lwaseNtshona. Ukuba siqhubela phambili, sibuyela eMpuma kwakhona, yabona. Ke sisekupheleni kwendlela.

<sup>59</sup> Siyakholwa, njengeBandla, ukuba iVangeli sele nje imalunga nokugqitywa. Siyakholwa ukuba abathunywa abakhulu kuzo izigaba babenayo, kule mihla yokugqibela, amakhulu aliqela eminyaka edluleyo, baye balwela ezi zinto zinkulu; ukugwetyelwa ngokholo, uLuther; ukungcwaliswa, ngoWesley; ubhaptizo loMoya oyiNgcwele, ngamaPentekoste. Siyakholwa ukuba ezo zinto ziya kwenza umzimba opheleleyo, njengowemvelo nowomoya.

<sup>60</sup> Xana umntwana ezalwa ngokuqhelekileyo, yintoni into yokuqala? Into yokuqala egqabhukayo, ngamanzi; into elandelayo, ligazi; kwaye into elandelayo, bubomi.

<sup>61</sup> UYohane Wokuqala 5:7 wathi, “Bathathu abo bangqinayo eZulwini, uYise, uLizwi, noMoya oyiNgcwele: kwaye aba bathathu banye.” BaNye; awunakuba noYise ngaphandle kokuba ube noNyana, awunakuba noNyana ngaphandle kokuba ube noMoya oyiNgcwele. Yabona, baNye. “Kodwa bathathu abangqinayo emhlabeni, amanzi, igazi, kunye noMoya: kwaye bavumelana ebunyeni.” Ababanyanga, kodwa *bavumelana* ebunyeni. Yabona?

<sup>62</sup> Ngoku, usenokugwetyelwa ngaphandle kokungcwaliswa; ungangcwaliswa ngaphandle kokuba noMoya oyiNgcwele. Yabona? UMoya oyiNgcwele buBukho obuhlala ngaphakathi bamandla kaKristu, eMoyeni. Ngoku, siyabona ukuba ezemvelo zifanekisela ezomoya, ke iBandla lisekukhuleni

kwalo okugqibeleleyo ngoku: ugwetyelo, ungewaliso, ubhaptizo loMoya oyiNgcwele. Siye seza nje ngeZigaba eziSixhenxe zeBandla, ekhaya, sikuzekelisa oko kakuhle ngokuphandle.

<sup>63</sup> Kwaye, kunjalo nje, kukho nabani na owakhe waziva eza teyiphu kwizigaba zebandla? Kwixesha lokugqibela ndandinazo ezo zigaba zizotywe phandle phaya ebhodini emnyama, kwaye uBawo oseZulwini uyazi ukuba le yinyani, xana ndakugqiba ngeyona ndlela ingcono ndinayo, phantsi kwempembelelo leyo uThixo wayeza kundinika yona, laa Ngelosi yeNkosi leyo niyibonayo emfanekisweni (abaninzi bawubonile laa mfanekiso, anikaze, okwa kuKhanya?), Yeza kanye yehlela egumbini, phambi kwabantu abamalunga namakhulu amathathu okanye amane wabantu, yaya kanye ngaphaya kwicala lodonga (njengokuKhanya okulolo hlobo) kwaye yazoba ezo zigaba zebandla ngokwaYo. Sonke sema phaya sikhangele kuYo, saYikhangelela izoba isigaba sokuqala sebandla, esesibini, esesithathu, nesesine, esesihlanu, esesithandathu, nesesixhenxe.

<sup>64</sup> Ngoku, kukho abantu abahleliyo apha abangamangqina ako oko. Phakamisa isandla sakho ukuba oko kunjalo. IBhayibhile yathi, “Ngomlomo wamangqina amabini okanye amathathu.”

<sup>65</sup> Wonke ubani ehleli phaya, bekhwaza nayo yonke enye into, ndathi, “Phaya! Ngoku, benifuna ukuYibona, wonke umntu ubengakhangelela kanye kuYo.” Ngentsimbi yeshumi elinanye emini, simi kanye phaya eludongeni, yaza yazoba ezo zigaba zebandla, nje ngoMoya ongako, kwaye ngoko ubumnyama ukubonisa ukuba uMoya wawukhutshelwe ngaphandle kwaye wadlula kwiSigaba soBumnyama kwaye weza kanye emva ukuhla kwakhona, kanye ngendlela ebendizizobe ngayo. Kwaye sayifumana, imifanekiso yayo, nayo yonke into izotywe, ijinga eludongeni. Kwaye nantso apho yayikhona nje ngokuchanekileyo. Kumele ukuba uMoya weNkosi wawukholisekile ukuba oko kugqityiwe, kuba Wabuya kwakhona kwaye wangqina ukuba oko kwakulungile.

<sup>66</sup> Kwaye siphila kwiSigaba seBandla laseLawodike, isigaba sebandla esityebileyo eso sicinga ukuba abaswele kwanto, kwaye bengazi ukuba bahamba ze, balusizana, bazimfama; kwaye abakwazi oko, yabona. Ngoku, konke oko, kuzazekelisa.

<sup>67</sup> Ngoku, kwa elalanga linye elikhanya kwi...liphuma eMpuma ikwalelo langa linye litshona eNtshona. Ngoku, makhe sime nje umzuzu ukuze senze imvelaphi yalo myalezo. Siyazi ukuba ilanga, elo li langa s-u-n, inkqubo yelanga. Kodwa uNyana S-o-n kaThixo wehla, ekukhazimleni kukaThixo nokuKhanya kukaThixo, eMpuma. Kwaye sibenamawaka amabini eminyaka ngoku, siqwalaselwe yiNkosi, Yathi, “Iyakuba lixesha elo lingayi kuba yimini lingebusuku, nje iluhlobo losuku olulusizi; kodwa ngexa langokuhlwa kuyakubakho ukuKhanya.”

<sup>68</sup> Ngoku, ukuba uyaqaphela, uMoya oyiNgcwele wawela phezu kwabantu baseMpuma kuqala. Ngoko sibe nexesha nje lokuzibandakanya necawa nje kunye neziphethelo ezincinane ekufuneke zicholiwe, kunye nezizathu ezincinane ekumele zilwelwe. Kodwa ngoko ngexa langokuhlwa, kwisiqingatha somhlaba waseNtshona, kuyakubakho ukuKhanya. Kwaye sikwelo xesha ngoku! Impucuko yeza njengomsantsa omkhulu ovela eMpuma, uchola isono ngalo lonke ixesha njengoko usiza, kwaye wabetha uNxweme lwaseNtshona njengesandi sesithintelo, kwaye wabuya umva, kwaye eyona ndawo yonakeleyo leyo ndiyaziyo ikuNxweme lwaseNtshona. Nantoni na ofuna ukucinga ngayo, banayo, isono, ukonakala, uqhawulo-mtshato, ukutshata, iHollywood, owona mngxuma wesihogo! Oko kuchanekile kanye.

<sup>69</sup> Ndiyakholwa kubungcwele bokwenene beBhayibhile. Kwaye andikholelwa koku konakala nezinto ezibolileyo ezo zenza umzekelo phambi kwabantu bethu, ebizwa ngeHollywood. Kwaye ndahlala ndinxamye nayo. Kwaye ndicinga ukuba umntu lowo onoMoya kaThixo kuye uyakuba nxamnye nayo, ngokuba uMoya kaThixo uyakungqina ukuba “ayilunganga” kuye.

<sup>70</sup> Ngoku ndicinga ukuba yenye ya...Sasidla ngokuya ngaphaya eParis ukuya kufumana iimodeli ukuze sikhulule abafazi bethu, ngoku iParis iza ngapha ukuzofumana ezethu. Yabona? IHollywood ikhokela ihlabathi. Kwaye nefashoni ezize ezo sinazo namhlanje, ngaphaya kweFransi (cinga nje ngoko!), leyo inxilileyo, ingxokozelo, indawo eziphetho kakubi, kwaye nangoko iHollywood iyayoyisa loo nto konke konke.

<sup>71</sup> Kwaye nabo bonke oomabonwakude bethu, iyonke into abanayo kubo ayincinwanga, nje iziqhulo ezingcolileyo, kunye nokubola okonakeleyo, ukugrwampiliza nje kuyo yonke into. Kwaye abantu, umtyholi...Ubengayikusivumela ukuba sithumele abantwana bethu ku—kumfanekiso mboniso kwiminyaka eyadlulayo, thina maPentekoste asekuqaleni, kodwa ngoku umtyholi unyebelezise enye wayibeka kanye endlwini phezu kwethu. Uyabona? Ke wazisa nje umfanekiso mboniso kanye ngaphakathi.

<sup>72</sup> Ngoku, kwaye yiyo—yiyo i—into eyoyikeka kangangoko uku—ukucinga ukuba ihlabathi lingene kulo monakalo, ngokuba bonke ubundlavini, uyabona, kwaye budada nje kule ndlela, busiza nempucuko.

<sup>73</sup> Kodwa ngalo lonke ixesha...ndizakushumayela ngolunye lwezi ntsuku, iNkosi ithandile, kwiintsuku ezimbalwa, ngo *Ukubala Usehla*. Uyazi, ndi—ndiyathemba ukuba uyajikeleza, kwaye ke si—sibona nje phaya ukuba yintoni eyenzekayo. UThixo ubenako ukwenza into neBandla Lakhe, ngokunjalo, lonke ixesha, uyabona, ngeli thuba ezi zinto ziqhubekayo. Kwaye ngoku sikwixesha lokugqibela, mayibongwe iNkosi!

<sup>74</sup> Isigaba ngasinye besinomyalezo waso kunye nomthunywa. UThixo ukubonile oko. Sonke. . . Nkqu nakwizigaba zebandla, sifumanisa ukuba ngasinye sibe nomthunywa, kwaye ngasinye saphile isigaba saso; kwaye kwangena esinye, kwaye esiya saphuma; kwaye esinye sangena; ukuhla ukuya kwisigaba sesixhenxe sebandla; nkwenkwezi nganye, sithunywa ngasinye sebandla, mthunywa ngamnye.

<sup>75</sup> Kwaye sifumanisa ukuba, kwisigaba sokugqibela sebandla, ngaphaya kwiSityhilelo 10, kumele kubekho isandi sexilongo, kwaye kwabakho amazwi asixhenxe avakaliswayo e. . . Ayengavunyelwanga kubhalwa. Kodwa ayetywiniwe ngakwicala langasemva leNcwadi, aMatywina asixhenxe ayengakwicala langasemva leNcwadi. Emva kokuba iNcwadi ibhaliwe, ngoko Itywinwe phaya emva ngamatywina asixhenxe. Ngoku, akukho namnye waziyo ukuba azintoni na. Kodwa Yathi, “Ngemihla yesithunywa sesixhenxe sivakalisa uMyalezo waso,” leyo yingelosi *yasemhlabeni*, ngoku.

<sup>76</sup> Ngokuba *le* Ngelosi yehla ivela eZulwini; kwaye *le* yayisemhlabeni; *ingelosi* yiyo “umthunywa,” umthunywa kwisigaba.

<sup>77</sup> Kwaye ngoko siqaphela ukuba Sabeka eLaso. . . sasinomnyama phezu kwentloko Yaso kwaye saphakamisa isandla Saso saza safunga ngaLowo udla ubomi kuse ephakadeni lasemaphakadeni, ukuba ixesha alisayi kubakho (Xana la mazwi asixhenxe avakalisayo, iindudumo ezisixhenxe zavakalisa amazwi azo). Kwaye Wabaxelela, “Musa ukubhala, kodwa Yitywine.” Kwaye siyifumana ukuba yayikwicala langasemva kweNcwadi.

<sup>78</sup> “Kodwa xana isithunywa sesixhenxe sawugqibayo uMyalezo waso, ukuprofeta kwaso komhla, ngoko imfihlelo kaThixo iyakube igqityiwe,” wonke umntu uyazi iBhayibhile ithetha oko. “Imfihlelo kaThixo, loo nto uThixo ayiyo, Ngubani na uThixo, kwaye konke malunga nendlela ukuya kungena kubhaptizo nezinto, ukuba konke kumelwe kuzinziswe ngaloo mhla.”

<sup>79</sup> Mthunywa ngamnye waye nomyalezo wakhe, kwaye u—umyalezo kunye nomthunywa wesigaba. Kwaye kuyaphawuleka kakhulu ukuba umthunywa ngamnye. . . Safumana nkqu nakwizigaba zebandla (kwaye ngokuhlwanje sizakubuyela emva kwiTestamente eNdala kwaye sifumane ukuba yinto enye) ukuba uThixo uthumela umthunywa weso sigaba ekupheleni kwexesha; ngalo lonke ixesha ekugqibeleni, akazange ekuqalekeni. Ekugqibeleni!

<sup>80</sup> Ngoku, njengokuba isigaba sikaLuther sasiphela, emva koko uWesley wangena. Kwaye xana ungcwaliso lukaWesley luphelayo, isigaba samaPentekoste sangena. Yabona? Ihlala ingumthunywa ovula umyalezo omtsha ekupheleni komdala.

Sisigaba ngasinye sokuba oko kwenziwe. Siyazi ukuba yinyaniso leyo.

<sup>81</sup> Oku kuphindaphindiwe xesha ngalinye kwiBhayibhile. Sikufumana oko kwiZibhalo ezingewele, kuyo yonke indlela, oko nje kusekupheleni kwesigaba esidala kwaye esitsha siyangena, eso sigaba siyanyamalala kwaye isigaba esitsha singene, uThixo uthumela umthunywa.

<sup>82</sup> Kwaye njengokuba kuhlala—kuhlala, ngalo lonke ixesha ekufikeni komthunywa, kusoloko kulubizo olubuyela emva eLizwini, akuzange kusilele. Khumbula, Esi sisityhilelo esipheleleyo sikaYesu Kristu, akunakubakho nto yongezwayo kuSo okanye isuswe kuSo. Sisityhilelo esigqibeleleyo sikaYesu Kristu. Kwaye okuphela kwendlela leyo esinokuthi siqiniseke ngayo: ukuba kukho nantoni na evelayo phakathi kwethu echaseneyo nesi sityhilelo, ngoko ayilunganga. Yabona? “Buyela emva eLizwini!” Kwaye usoloko ebizela emva.

<sup>83</sup> Kwaye kuyo yonke imeko eSibhalweni, kuyo yonke imeko, uThixo usebenzisa umprofeti ukubiza ebuyisela eso sigaba, rhoqo. Hayi mze-...Hayi, akukho nalinye ixesha kusilela, Usoloko ethumela u—umprofeti! Kwaye ngoku kutheni Ekwenza oko? Kungenxa yokuba iBhayibhile ithi, “Ngumprofeti lowo iLizwi likaThixo liza kuye,” umtyhili weLizwi.

<sup>84</sup> Ngoku, ndi—ndi—ndiyathemba ukuba andiqondwa kakubi. Yabona? Andibhekiselelanga ukuba ndingaqondwa kakubi, kodwa ndithetha ukunyaniseka nokuthembeka kubizo. Sifuna ukuba njalo.

<sup>85</sup> Ngoku, uThixo uhlala esebenzisa u—umprofeti, indoda. Ukuba usebenzisa igquba lamadoda, ufumana izimvo ezahlukeneyo; yabona, ndoda nganye, amadoda amabini. Akazange abenabaprofeti ababini abakhulu emhlabeni ngaxeshanye. Uthabatha omnye, ukuze omnye athabathe indawo yakhe komnye umhla, omnye umyalezo. Akakaze abe nababini, Uba nomnye ngexesha.

<sup>86</sup> Kwaye uThixo ongenasiphelo akakaze ayiguqule inkqubo Yakhe, Umelwe kukuba ahlale naloo nto Aqale ngayo. Naso isizathu sokuba singaba nentembelelo kuloo nto Ayithethayo, Akanako ukuguquka. Ukuba Wamsindisa umntu ngesiseko sokholo lwakhe kuThixo, umntu olandelayo kuya kufuneka asindiswe kwangalo ndlela inye.

<sup>87</sup> Xana uThixo wenza indawo apho Wayenokuba nobudlelwane nesidalwa Sakhe, u-Adam wazama ukwenza indlela ngokwakhe, kwaye wazenzela amagqabi omkhiwane yena nomkakhe, ukwenza imibhinqo. UThixo wayala lonto. Kwaye uThixo wagqiba ngokuba yeyiphi inkqubo okanye sesiphi na isiseko Ayakuhlangana ngaso nomntu kwaye badlelane naye, kwaye oko yayiligazi elaphalalayo. Kwaye Akazange ayitshintshe lonto.

<sup>88</sup> Ngoku, njengamaWisile kumaBhaptizi, singaxhawulana izandla. Kodwa ngokwesiseko phakathi kwamaWisile namaBhaptizi asinazinto ezifanayo, Nditsalela amaBhaptizi kwaye utsalela amaWisile, okanye ngokubhidana. Kodwa sinye isiseko apho onke amakholwa anokuhlangana khona, oko kuphantsi kweGazi elaphalazwayo. Kulapho sihlangukhona kwaye sizibeke ecaleni zonke ezi zinto. Ke asinako sonke ukungena kumbutho omnye, asinakuyenza loo nto.

<sup>89</sup> Le mibutho mincinane, ndicinga ukuba uThixo ubekhe wakuyo, yonke loo nto iphela. Kodwa abantu...kuba sahlukene. Mntu ngamnye ubona ngokwahlukileyo, mntu ngamnye ubona ngokwahlukileyo, akukho zingqondo zimbini zifanayo nokuchanekileyo. Akukho bantu babini bafanayo ngokugqibeleleyo, babanga; akukho mpumlo zimbini, akukho kushicilela kwabhontsi babini. Yabona, senziwe ngokwahlukileyo, ngaloo ndlela kufuneka sibe namaqela ahlukeneyo.

<sup>90</sup> Kodwa uThixo uhlala esebenza ngomntu ngamnye. Akakusindisi ngenxa yokuba ungumWisile; Akakusindisi ngenxa yokuba ungumBhaptizi; Akakusindisi kuba ungumPentekoste. Ukusindisa ngenxa yokuba Esebenze buqu *nawe!* Kwaye usindiswe kweso siseko, sokuba ukwamkele oko. Ke ngoko, uThixo, ukuze asebenze ngawe, Akasebenzi nawe ngolungelelwano lwebandla Lakhe, Usebenza nawe njengomntu ngamnye.

<sup>91</sup> Ke ngoko xana uThixo ethumela abaprofeti Bakhe, abathunywa Bakhe beTestamente, Wathetha kwindoda enye, kwaye loo ndoda kwafuneka iwuzise uMyalezo. Abanye bemka besuka kuye, kuyo yonke indawo, bezisa kwaloo Myalezo mnye. Kodwa kwakufuneka kubekho ikomkhulu elinye. UThixo ebesoloko enalo. Ndinombulelo Uyifumene ngokuhlwanje; lowo nguMoya oyiNgcwele, kakade, thina sonke siyazi. Ngoku, hayi iqela elithile, kodwa uMoya oyiNgcwele uliKomkhulu likaThixo. Lowo nguMthunywa kaThixo welixa.

<sup>92</sup> Ngoku, kuba kunjalo, kumprofeti lowo iLizwi lihlala lisiza kuye, ukuba bangumprofeti wenyani weLizwi, uThixo uyalingqinela iLizwi Lakhe ngaloo mprofeti.

<sup>93</sup> Ngoku, kubekho abaprofeti bobuxoki abaninzi, besinabo kuzo zonke izigaba. Sibuyela emva kwiTestamente eNdala, sibabone bevuka bethetha eGameni leNkosi, kwaye yayiyi—yayingalunganga. UThixo ubengayi kuba nanto yakwenza nayo. Akakaze angqinele nto kuphela ElileLakhe iLizwi. Ngapha koko, Akanakuqhuba ishishini Lakhe ngolo hlobo. Yabona?

<sup>94</sup> Nikhumbule nje, uThixo ungqinela iLizwi Lakhe kuphela! Kwaye ngumprofeti wenyani kuphela oyi...Kwaye ekuphela kwendlela onokuthi uxele ngayo ukuba uyinyani na okanye hayi, kungeLizwi. Yileyo indlela yokumgweba.

<sup>95</sup> Ngoku ukuba uyaqaphela, njengakwimihla xana—xana uMikaya, phaya kwakumi amakhulu amane abaprofeti bamaHebhere, phambi ko-Ahabhi noYehoshafati, kwaye wathi, “ITSHO INKOSI, ‘Nyukani niye niphumelele.’” Ngokusisiseko babenyanisile. Ngoku uMikaya wabizelwa embonakalweni, lowo abo babemthiyile bonke. Ngoku, kwakukhangeleka ngokungathi ukuba... Amakhulu amane (a—andithethi ngabaprofeti bakaBhahali) Abaprofeti bamaHebhere bema ngamxhelo mnye, kwaye bathi, “Nyukani niye kwiRamoti yaseGiliyadi, iNkosi iya kunisikelela kwaye niyakuphumelela.” Kwaye loo madoda yayingengobahanahanisi, babephembelelekile ngokupheleleyo! Kodwa eyabo...

<sup>96</sup> Ngoku kutheni ukuze lo mfo mncinane ngegama lingu—linguMikaya, owaye ngunyana ka-Imla, kwaye aze abuye kwaye aprofete ngokuchaseneyo nabo? Ngoku, oko kwathabatha imithamboluvo, kwathabatha ukuqiniseka. Yabona? Kodwa wazi njani ukuba wayenyanisile? Ukuba wawumi phaya, ubuya kuyazi njani lonto? Indlela inye kuphela onokuyenza, kukuthabatha loo nto umntu ayitshoyo kwaye uyithelekise neLizwi. Yabona? Ngoku, uMikaya wayeseLizwini kanye, ngokuba u-Eliya, laa mprofeti mkhulu wayeneLizwi leNkosi, wayeqalekise nje u-Ahabhi noJezebhele nabo bonke. Yabona? Kwaye wayengathini uThixo ukuguquka asikelele loo nto isiqalekiso sasi kuyo? Yabona, ke yayingazukusebenza nje lonto.

<sup>97</sup> Ngoku, sifumanisa ukuba uThixo ungqinela iLizwi Lakhe. Ilizwi lomprofeti, ukuba ungumprofeti, ngoko li... uthetha ngokweLizwi. IBhayibhile yathi kwindawo enye, yathi, “Ukuba abathethi ngokomthetho nabaprofeti, akukho kuKhanya kubo.” Ngoko biza... Ngoko lo mthunywa ubiza Abo babiziweyo. Unyanisile ngokweLizwi likaThixo, ugqina ukuba unyanisile.

Qaphela, qaphela, ngoku sizakubiza abalinganiswa abambalwa kwaye siphulaphule.

<sup>98</sup> UNowa wayelinqina likaThixo lexesha lokugqibela langaphambi konogumbe. Ngoku, khangela indlela owawuchasane ngayo umyalezo wakhe kulo lonke ihlabathi langaphambi konogumbe. Ngokuba, indoda yabalelwa njengendoda ephambeneyo. Ngokuba, eyakhe... Kodwa, nangoko, wayeneLizwi leNkosi ngokuchanekileyo. Ngoku, uThixo Wayethethile “wayengenako ukunyamezela isono,” ke Yena... xana abantu baqalisa ukona, ngoko uThixo wehla waze uNowa washumayela umyalezo wexesha lokuqibela. Kwakunini? Nje ngaphambi kwexesha lokugqibela, lo mthunywa wavuka. UThixo wathumela lo mprofeti nomyalezo wexesha lokugqibela. Kwaye wayehlekwa, eyintlekisa, enziwe intlekisa, kwaye kuphela ukusindiswa kwendlu yakhe awathi wayisindisa. Kunjalo oko. Akukho mntu wayeyakumkholwa. Kodwa wayenomyalezo wexesha lokugqibela. Ngoku, bonke ababengakholwa bagwetywa, kwaye abo bathi bawukholwa



umyalezo basindiswa. UThixo wabanika uBomi kwaye basindiswa, kwaye abo bathi abakholwa yaba kuKulahleka.

<sup>99</sup> Ngoku, ndizekelisa ngento ethile. Qaphela uThixo, ukuba wenze njani la maxesha mathathu.

<sup>100</sup> Kwaye untathu linani eligqibeleleyo likaThixo. UThixo ugqibelele kwisithathu, njengo, “UYise, uNyana, noMoya oyiNgcwele,” kwaye “ugwetyelo, ungcwaliso, ubhaptizo loMoya oyiNgcwele.” Ugqibelele, ’kuba *untathu yi* “mfezeko Yakhe.” *Untlanu* linani lo “babalo.” Usixhenxe li... Inani lo “nqulo,” *ishumi elinambini. Amashumi amane* linani le—le “ntshutshiso.” Kwaye *amashumi amahlanu* “yintlokoma,” unqulo. “IPentekoste” ithetha *amashumi amahlanu*. Kwaye, iintsuku ezingamashumi amane uMoses wahendwa, iintsuku ezingamashumi amane uKristu wahendwa, uyabona. Kwaye yonke lo mizekeliso. Ngoku, uThixo ugqibelele kwisithathu.

<sup>101</sup> Kukho ukutshabalalisa okuthathu. Okunye kwako, xana uNowa wangena emkhombeni; okwesibini, uLote *waphuma e—eSodom*. Khangela, uYesu wayebhekisa kubo, “Njengokuba kwakunjalo ngemihla kaNowa nangemihla kaLothe, ke kuya kuba njalo ekufikeni koNyana woMntu.” Khangela! Omnye *wangena*, omnye *waphuma*, kwaye olandelayo *wenyuka*. Uh-huh. Yabona? Uh-huh. Uya *ngena*, uya *phuma*, uye *nyuka*! Ngoku, olo lucwangco lweNkosi. Yabona, uYesu wabhekisa kwabo baprofeti babini. “Njengokuba kwakunjalo ngemihla kaNowa,” yabona, “kwaye njengokuba kwakunjalo ngemihla kaLothe,” u-Abraham engumprofeti, “njengokuba kwakunjalo, kuyakuba njalo ekufikeni koNyana woMntu.” Yabona, ebhekisa emva kubo.

<sup>102</sup> Ngoku, uMoses, omnye umprofeti, ekupheleni kwesigaba saseYiphutha. Sifumanisa ukuba xana uThixo wayeza kubahlangula abantu Bakhe, kwaye amaYiphutha ayebatshutshise kakubi kakhulu, kwaye amisa phezu kwabo abaqhubi-kalukhuni babantu, abaqhubi phezu kwabo, gxebe. Kwaye ke ngoko nje ngaphambi kokutshatyalaliswa kwabo, uThixo, njengesiqhelo, Wathumela umprofeti eneLizwi leNkosi. Khumbulani, umprofeti wayechonga ngokuchanekileyo loo nto uThixo (kumakhulu eminyaka ngaphambi koko, amakhulu amane anento eminyaka ngaphambi koko) wayethembise u-Abraham, ukuba imbewu yakhe iyakuba ngabaphambukeli ezweni lasemzini, kodwa Uyakubakhupha ngesandla esithe nkqi. Uyazi, kwityholo elivuthayo xana uMoses wahlangana noThixo, kwaye Wathi kuye, “Ndikuvile ukuncwina kwabantu baM, ndiyibonile imbandezelo yabo, kwaye ndiyawukhumbula umnqophiso waM.” Ekhumbula iLizwi Lakhe!

<sup>103</sup> Khumbulani, Usalikhumbula iLizwi Lakhe! Yabona? Akasileli, Kufuneka enze into efanayo ngalo lonke ixesha. Isizathu sokuba ndithethe ezi zinto, kukuze siyixhase

engqondweni zenu kwaye nicinge. Nkqu nani bantu abo benigula; uqaphele ukuba ndithe “ebeni” gula.

<sup>104</sup> Ngoku, qaphela ngoku, nina bantu nonke nimelwe kukukhumbula oku, ukuba uThixo akanakuguquka! UnguThixo ongaguqukiyo. Amaxesha ayatshintsha, abantu bayatshintsha. UThixo akanasiphelo, Akanakuguquka! Yakhe...Umelwe kukuhlala enjalo, izolo, namhlanje, ngonaphakade, Umelwe kukuhlala ehleli. Kwaye ukuba siyakholwa ukuba Eli liLizwi likaThixo, singabeka ithemba lethu kuyo nantoni na leyo Wayithethayo. Yabona?

<sup>105</sup> Ngoku, uyabona phaya indlela umyalezo Wakhe oweza ngayo, indlela Awuthumela ngayo umyalezo Wakhe. Akanakukutshintsha oko, Usoloko ekwenza oko. Kufuneka ahlale enjalo. Yiloo ndlela Ayakusoloko esenza ngayo. Ngoku, khumbulani, ukwenza nini oko? Nje ngaphambi kwentshabalala, nje ekupheleni kwesigaba. Kulapho xana Ethumela umyalezo Wakhe ukuba abize abantu Bakhe, (bahlala bexubana), kwaye naba besiza.

<sup>106</sup> Ngoku, ngemihla kaMoses, amakholwa asindiswa, abangakholwayo batshabalala.

<sup>107</sup> Lowo wakholwayo kumyalezo kaMoses ovela kuThixo, ngoku, ngebabengakwenzanga oko ngaphandle kokuba uMoses wayengqinelwe nguThixo kwaye engqina ukuba iLizwi likaThixo lalinaye. Loo nto yamenza umprofeti. Waphuma phaya kwaye wathi, “Ngomso, malunga neli xesha, niyakubona *nje-na-nje* isenzeka.” Ngomso, yenzeka. Kwakuphelele apho. Nawuphina umprofeti wenyani kaThixo othetha eGameni leNkosi uyakuyenza loo nto. “Kwaye kuyakwenzeka ukuba *nje-na-nje* kuyakwenzeka. Ndiya kunyuka ndiye kuFaro, kodwa uya kubalukhuni, abe nentliziyo elukhuni. Uya kuthi uya kusikhulula sihambe kodwa akazukuyenza loo nto.” Kwaye, kwenzeka oko. Yabona? Ngokuba? Ngoko abantu bazi ukuba le ndoda yathunywa ivela kuThixo. Kwaye baqalisa ukubona ukuba uThixo wayemsikelele, kwaye bambeka embekweni kwaye, xana benjenjalo, izinto ezinkulu zenzeka.

<sup>108</sup> Kwaye abantu abahlekayo kwaye benza intlekisa kwaye bengenakuwamkela umyalezo wakhe, batshabalala kunye nabanye abangakholwayo.

<sup>109</sup> Kodwa amakholwa aphuma kwaye angena kwilizwe ledinga, babehamba phantsi komyalezo othanjisiweyo womthunywa. Yayingumyalezo wentlangulo, lowo uThixo wawuthembisayo ukuba Uya kubazisa abantu Bakhe kwilizwe elibaleka amasi nobusi. Kwaye kwenzeka oko, ngokuba uThixo wayesele etshilo kakade, Kwaye uMoses weza kwaye waye- wangqinelwa njengomthunywa waloo mhla.

Ngoku, oko kuyizisa icace kakuhle kuthi.

110 Kulungile oko, ngoko sifumanisa ukuba uMoses wayechongiwe ngokuchanekileyo.

111 Kwaye emva koko ekutshintsheni kwesigaba, ixesha leza ngenxa...phakathi komthetho nobabalo. Kwafuneka kufike ixesha lokuba lo Mesiya uthethiweyo wayeza kufika. Sifumanisa ukuba ixesha abathi abantu bawujija umthetho ngalo, bawenza wonke waphantsi kweqela elikhulu lento ethile, kwaye benazo zonke iintlobo ze—zezithethe zabantu, babezifake kuzo. Ekutshintsheni kwexesha kweza uYesu, omnye uMprofeti, umProfeti-Thixo.

Ngoku, uthi, “Wayengenguye umprofeti.”

112 IBhayibhile yathi wayenguYe. “INKosi uThixo wenu iya kunivelisela uMprofeti onjengam.” WayengumProfeti-Thixo, ekuguqulweni kwexesha phakathi komthetho nobabalo, elo Wayethethe ngalo kuyo yonke le minyaka. Emveni kokuba Enike umthetho kuMoses, ngoko ekutshintsheni kwexesha, xana Wathi iyakwenzeka loo nto, ngoko Wabuyela emva elubabalweni. Kwaye Wathumela uMprofeti eprofeta ngexesha. Ngoku—ngoku, amakholwa, Wawahlanganisa; abangakholwayo batshabalala ngomhla Wakhe. Bonke abakholwayo kuYe basindiswa; bonke ababengakholwayo ngumyalezo Wakhe balahleka.

113 Yiloo nto kanye yenzekayo ngemihla kaNowa; yiloo nto yenzekayo ngemihla kaLothe; yiloo nto yenzekayo ngeminye iimihla, ngemihla kaMoses; yiloo nto yenzekayo ngemihla kaYesu Kristu. Kuba bawucekisa umyalezo baze batshabalala, kwaye abo bawukholwayo umyalezo batshabalala...okanye basindiswa.

114 Ngoku, ngoku, ngoko kwaza kungena ixesha lebandla. Sasiphila emva phaya kwixesha likaNowa, langaphambi konogumbe; saza sangena kwixesha lomthetho; ngoko kwixesha lobabalo, ibandla. Kwaye ngoku ixesha lebandla liyaphela. Sonke siyakhwazi oko.

115 Ngoku, ukuba uThixo wenza *oku-no-kuthi* kwelaa xesha, kulaa maxesha mabini, Umelwe kukuba ahlale enjalo enze kwa into enye kweli xesha, 'kuba Wathi Uyakuyenza loo nto. Ndiyakuyigqina kwimizuzu embalwa, ngeLizwi, ukuba Wathi Uyakuyenza loo nto. Ngoku, Akanako ukuyitshintsha inkqubo Yakhe, UnguThixo. Qaphela into Awayenzayo kuloo maxesha.

116 Ngoku sifika kwixesha lokuphela kwexesha lebandla. Nantso into endiyifundayo ngokuhlwanje:

Kuyakubakho            ukuKhanya            ngexa  
langokuhlwa.

117 Sibe nexesha elininzi elibi, kodwa kuyakufika ukuKhanya. Lo Nyana mnye wezayo watshintsha ixesha ngoko, uyeza kwakhona! Oko kuyakusuka emhlabeni kuye eBuqaqawulini. Siza kungena kuloo nto. Ngelinye ixesha *sangena*, ngelinye

ixesha *saphuma*, kwaye ngeli xesha *siyanyuka!* Yabona? Konke kulungile: *nphakathi*, *phandle*, *phezulu*. Sifika kwixesha lokugqibela. Kwaye asizi nje kuphela, sele sifikile kakade. Sikwixesha lokugqibela!

<sup>118</sup> Yintoni uThixo ayifumanayo kweli xesha lokugqibela? UThixo ufumana kweli xesha lokugqibela nje kanye loo nto Wayifumanayo kwamanye amaxesha okugqibela, ukungakholwa! Uhleli eyiloo nto, Yena, xana Efika, U—Ufumana ukungakholwa. Ufumana ukuba inkqubo leyo Awayibeka phantsi kubantu. . .

<sup>119</sup> Emva phaya ngexesha likaNowa, ukuba babenokuphila ngokwemimiselo Yakhe, benyusa amadini. . . Bemka basuka kuyo. Xana Efika, Wafumana oku, laa nto isebenza kakubi.

<sup>120</sup> Into efanayo Awayenzayo xana Weza emhlabeni, Wafumana abantu nabaFarisi, na njalo njalo, emva komthetho. Babesenza ntoni? Nje kungekho kunyaniseka konke konke, nje ukuqhubeka utyibilika kuyo nayiphi indlela endala, kwaye “Okoko nje bezibandakanya nenkonzo, kwaye yiloo nto kuphela ababeyiswele.” Kwaye yiloo nto Ayifumanayo.

<sup>121</sup> Kwaye yiloo nto Ayifumanayo kwakhona! Ufumana into ekwanye, abantu abatshintshi. Ke ukuba Wathumela inkqubo Yakhe baze abantu bangayikholwa phaya kwaye batshabalala, bakholwa kwaye baphila, (ngoku, kwezo zimbini), imelwe kukuba yinto enye ngeli xesha. Imelwe kukuba yinto enye. Hayi. . .

<sup>122</sup> Bekuhlala kungumlo kumthunywa ukwahlula endala ukusuka kwemtsha. Ibisoloko inguloo mlo, kum—kumthunywa esiza kwahlula endala ukusuka kwemtsha, nangona usoloko umyalezo umelwe ukuba ngokweSibhalo, ngoku, kuba ngamnye uxele kwangaphambili ngomnye oya kuza.

<sup>123</sup> Ngoku, makhe sithabathe, nje umzekelo, uYesu. Yayinzima kangakanani, Yena ukuza angene aze aguqule umyalezo ukusuka emthethweni ukuya elubabalweni. Nangoko iBhayibhile yathi iyakuza ngalo ndlela, “Kuya kuza u—uMesiya, kwaye idini lomhla laliya kususwa.” Kwaye siyazi ukuba yayiprofetiwe ngabaprofeti. Enjani ukuba nkulu into eyayiyiyo kuYe ukwenza oko. Kodwa sifumana ukuba Wakwenza oko. Kunye nenye. . . Wakwenza oko ngokuba iSibhalo sathi, kwaye amakholwa aloo mhla (abo babizwa ngokuba ngamakholwa) babengavumelani naYe kwaphela.

<sup>124</sup> Khangela kwabo baFarisi, abaSadusi, babenezithethe zabo kwaye akukho mntu uyakubashukumisa ukusuka kuzo. Yiloo nto babeyikholwa, umama wabo wayekholwa oko, utata wabo wayekholwa oko, kwaye utatomkhulu wabo, umakhulu wayekholwa oko, kwaye “UMoses watsho njalo!” Kodwa kwaloo Moses owanika umthetho wayekwanguloo Moses wathi lo Mfo uyakuza, kwaye basilela ukuyiqonda ngenxa yokuba

babeneLizwi lenyani likaThixo kwizithethe kwaye babeshiye owona mgaqo waYo. Kwaye kwafuneka ukuba kube ngalo ndlela.

<sup>125</sup> Qaphela, ngamnye waxela kwangaphambili ukuba omnye uya kuza. Ngamnye kubathunywa, emva komyalezo, waxela kwangaphambili ukuba uyakuza. Ngoku, kodwa abantu bahlala bethabatha umyalezo womhla lowo babenawo, bawumisele.

<sup>126</sup> Makhe siyiqhekezeni, mganyana ukuya ekhaya, makhe sikhangele kuLuther. Xana uLuther washumayela ukugwetyelwa ngokholo, wayengumthunywa, ingelosi yeso sigaba sebandla, kulungile, yeSigaba seBandla laseSardesi. Ngoku, qaphela, xana wayeshumayelayo, wabeka amaLutere ngolungelelwano. Ngoku, ngoko, nanku uLuther ehamba esasaza eqhubeka. Kwaye xana uWesley wangenayo, iSigaba seBandla laseFiladelfiya, ngomyalezo wongcwaliso, ngokuba, kwabanzima kuLuther ukuyibona loo nto. Loo maLutere ayengenakukukholwa oko.

<sup>127</sup> Kwaye ngoko xana uWesley wabenza bonke bazinza kwiPilgrim Holiness kunye neFree Methodist, na njalo njalo, ekungcwalisweni, kwaye ethubeni kwaza umyalezo wePentekoste, ngokuba, kwabanzima kumaWisile ukukukholwa oko. Uh-huh, ngokuqinisekileyo, yayinjalo. Yabona, yi . . .

<sup>128</sup> Nangona omnye ethetha ngomnye, ngokuthetha kweSibhalo. U-Enoki waxela ngentshabalalo ezayo, ngoxwilo lwakhe, uThixo emthabathela ekhaya; wayelingqina. U-Abraham wabaxelela ngoMoses. Kwaye uMoses waxela ngoMesiya. Yabona, bahlala bexela, omnye ukuya komnye. UMesiya waxela ngeli xesha, exela ukuba oku kuya kuba yintoni na!

Uthi, “Ah, Mzalwana uBranham!”

<sup>129</sup> Owu, ewe, Uyenzile! Makhe nje . . . NdineZibhalo ezininzi endizibhalileyo phantsi apha, kwaye nje ndiza kubhekisa kwezimbini okanye ezintathu zazo. Makhe sithabathe uMateyu 24. Ngoku makhe sithabathe uMateyu, isahluko sama-24, kwaye sifunde loo nto Wayixelayo phaya ukuba iya kwenzeka, indlela “Iizizwe ziya kuvuka nxamnye nesizwe.” Kodwa, khumbulani, ngoko Ufika ezantsi phaya kwaye Uthi, “Njengoko kwayekunjalo ngemihla kaNowa, kwaye njengoko kwayekunjalo ngemihla kaLothe, ke kuyakuba njalo ekufikeni koNyana womntu.” Wazixela ngenxa engaphambili, Waziqikelela ezi zinto ukuba ziyakwenzeka!

<sup>130</sup> Wathi, “Ngoku, xana konke oku kusenzeka, ixesha alikafiki,” njalo njalo. Kodwa wathi, “Fundani umzekeliso emthini womkhiwane, xana usemtsha kwaye uvelisa amasebe, nayo yonke eminye imithi, ngoko niyazi ukuba ihlobo likufuphi. Ngokunjalo, xana nikubona oku kusenzeka, yazini ukuba ixesha likufuphi, kwaye lisemnyango.” Ngoku, xana ubona ntoni? Umthi wokhiwane uhluma, nayo yonke eminye imithi

iqalalisa ukuhluma, yayingumqodiso. Kwaye uSirayeli wasoloko engumthi womkhiwane.

<sup>131</sup> UYoweli nkqu waprofeta ngawo, “Loo nto yashiywa ngumqikela, inkumbi yayidla kwaye yayithabatha yayehlisa loo nto. Kodwa uThixo wathembisa, ‘Ndiya kubuyisela, itsho iNkosi.’” Kwaye Uyakuyenza lonto. Kodwa ngaphambi kokuba Abuyisele oko kwimeko yayo yokomoya, iBandla leeNtlanga kufuneka likhutshelwe ngaphandle. Akayi kuba nawo womabini ngaxesha linye. Ngoku, awunakuzenza iZibhalo zizijije ngolo hlobo. Yabona? Akazange abe namangqina amabini ngaxeshanye, amangqina amakhulu, kwaye Akazange abe—Akazange. . . Akanawo amaBandla amabini ngaxesha linye.

<sup>132</sup> Qaphela, lona. . . iBandla leeNtlanga kufuneka lisuswe limke kuqala, kuba amaYuda, ngoko ukuphela kweeveki ezimashumi asixhenxe zikaDaniyeli zisenzeka. Iminyaka emithathu enesiqingatha uMesiya waprofeta, waza ke Wanqunyulwa, iNkosana, phakathi evekini yamashumi asixhenxe. Kwaye, ngoko, kusasele iiveki ezintathu kunye nesiqingatha okwangoku. Kwaye sifumanisa abaprofeti ababini beSityhilelo (Yabona, Akazange aphinde ayitshintshe idyasi Yakhe kwakhona.), beSityhilelo 11, bayehla kwaye baprofete kumaYuda. Ngoku, iBandla liyakususwa ngelo xesha.

<sup>133</sup> Kwaye sibona uSirayeli, okokuqala kumakhulu aliqela eminyaka, phantse ngaphezulu kwamawaka amabini eminyaka, ngoku waba sisizwe; umkhosi ongowakhe, imali eyiyeyakhe. USirayeli uselizweni lakowabo; isizwe esisesakhe, iflegi eyiyeyakhe, ungoweZizwe eziManyeneyo. Usisizwe! Ngokuba, ngomnye wemiqondiso emikhulukazi leyo sinokucinga ngayo, khona ngoku, uSirayeli kwilizwe lakowabo. Kwaye uYesu wathi, “Esi sizukulwana eso sibona uSirayeli ebuyela kwilizwe lakowabo asisayi kudlula de kuzaliseke konke.” Yabona, Wathetha ngalo mhla.

<sup>134</sup> Makhe nje ndikunike esinye. KweyeSibini kuTimoti 3, Wathetha ngebandla ngexesha lokugqibela, wathi, “Baya kuba zizityhuthutyhuthu, abathiwe lwale likratshi, abathandi beziyolo kunokuba bathande uThixo.” Thabatha ibandla lehlabathi, ngaphaya, “abathandi beziyolo kunokuba bathande uThixo,” bahlala ekhaya kwaye babukele inkqubo kamabonwakude ngaphambi kokuba baye kumhlangano womthandazo ngobusuku bangoLwesithathu.

Uthi, “Lawo ngamaBhaptizi.”

<sup>135</sup> Lawo ngamaPentekoste! Ngokuqinisekileyo! Ewe, mhlekazi. Owu! “Izityhuthutyhuthu, abathiwe lwale likratshi, abathandi beziyolo”; beka iLizwi kanye phantsi kwempumlo yabo, abayi kuLikhangelana. Uh-huh. “Abathandi beziyolo kunokuba bathande uThixo”; xelela abafazi ukuba bangazinqothuli iinwele zabo, bayazinqothula nakanjani. Uh-huh. “Abathandi

beziyolo kunokuba bathande uThixo, abangenatarhu, abatyholi, abangenakuzeyisa, abacekisa abo balungileyo. Bene . . .”

Uthi, “Abo ngabangenankolo.” Hayi! Hayi!

<sup>136</sup> “Benokumila kobuthixo, kodwa bewakhanyela aMandla ako,” aMandla anokukuhlangula ukusuka kule ndawo, inkqubo yehlabathi lakalokunje. “. . .Amandla ako; kwabanjalo khwebuka jika umke.” Musa ukukhathalela into abanye abantu abayithethayo, nguwe njengomntu ngamnye phambi koThixo, umelwe kukuphendula. Kungakhathaliseki yintoni lo mfazi ayenzayo okanye laa mfazi ayenzayo, okanye, le ndoda eyenzayo okanye laa ndoda ekwenzayo, okanye, lo mshumayeli akutshoyo okanye laa mshumayeli akuthethayo; nguwe noThixo. “Benesimilo,” ngokwesithethe, “kodwa bewakhanyela aMandla ako; kwabanjalo khwebuka usuke umke.” Ingaba siphila kuloo mhla? Ngokuqinisekileyo sinjalo!

<sup>137</sup> Khangela kwakhona kwisigaba sokugqibela sebandla. UMoya oyiNgcwele, uYesu ngoKwakhe, “Mna Yesu ndasithuma isithunywa saM ukuba singqine ngezi zinto.” Kwaye iSityhilelo, isahluko sesi-3, ethetha ngesi sigaba sebandla, UYesu enika ubungqina baloo nto iya kwenzeka ngeemihla yokugqibela, Wathi, “Ibandla liya kutyeba, iLawodike, dikidiki,” unokutsiba nje ngokwaneleyo nxazonke xana umculo udlala ukukhwaza. Yabona? Kunjalo oko. Kodwa ngenxa yobungqina kunye nobomi obo buya kucoca, ikude lee kubo.

<sup>138</sup> Andi . . .Andiyi kunenzakalisa ngenxa yayo nayiphi na into, kodwa ndibe nombono kungekudala wokuba kwiParadesi kaThixo. Andinako kuphela ukunixelesa iNyaniso. Thixo, sincece thina balungiseleli ukuba sinyaniseke kwezi zinto kwaye sithethe iNyaniso!

<sup>139</sup> Yabona? “. . .? . . .kubanda . . .” IBhayibhile yathi bayakuba ngaloo ndlela, ke bayakuba ngaloo ndlela. Ukuba yayibethe yagqibelela kuLuther, yayibethe yagqibelela no . . .kwiSigaba saseFiladelfiya noWesley, imelwe kukuyithetha kwaye igqibelele . . .Ikuthetha oko, kwaye kuyakuba ngaloo ndlela ngokuchanekileyo eLawodike.

<sup>140</sup> “Ityebile, ayiswele nto!” Singabeka iibhiliyoni zedola kwizakhiwo, sinokubeka yonke into leyo yonke—yonke ukuba . . .ukuzonwabisa kwehlabathi, singokha awona mabandla agqwesileyo ngobuhle. Oko kulungile konke, akukhonto, oko kulungile konke ngokugqibeleleyo.

<sup>141</sup> Kodwa ndizama ukuthi, ngoko xana uMyalezo uqalisa ukujinga phezu kwabo, abakufuni. “Usisibhanxa! Ungumbaxi! Ubumelwe kukuba uphile kumashumi amahlanu eminyaka eyadlulayo.” Yabona? Owu, unokucinga ukuba, “Bendingenakuba nento enjalo njengomalusi.” Ngumalusi wenu, nakanjani na! UJezebhele wayengenakuze avume ukuba u-Eliya wayengumalusi wakhe, kodwa ngokuqinisekileyo wayenguye.

Ngokuqinisekileyo wayenguye. Wayethunyiwe, umzekelo, umthunywa kwisizwe sakwaSirayeli. Kwaye namhlanje uMoya oyiNgcwele oxabisekileyo kunye neLizwi likaThixo unguMthunywa ebandleni, ukubangqalisa nokubabuyisela emva kwiLizwi. Sithetha ngaLo, kodwa uyabona akukho namnye ushukumayo. Uh-huh, yabona, sifumana ezo zinto zixubene kakhulu.

<sup>142</sup> Ndive ngomntu, njengobungqina, esithi, “‘Mphakamiseni,’ uMphakamisa njani?” Kwaye, owu, fumana nje ii-isms ezincinane! Umntu othile wathi, “‘Khangela uthandaze,’ oko kuthetha ukuba gcina iliso elinye livuliwe xana uthandaze, jonga ngelinye. ‘Lindani nithandaze.’” (Kuba, *ukuqaphela* kuthetha “qaphelani ukuza kweNkosi,” kwaye nithandaze.) Yabona, kukujika nje loo nto.

<sup>143</sup> Ke ngoko, kuloo nto, senza ntoni na? Sizenzela isithethe esincinane sethu (kwaye ngoko ukuba . . .) nokuba nguThixo owakhiweyo okanye akunjalo. Kwaye siyaphuma, into yokuqala uyazi, sineqela elincinane elisilandelayo, nokubatsalela kude ukusuka kumzimba ongundoqo webandla. Kunjalo oko. Endaweni yokungena ngaphakathi sithandaze kwaye sisombulule loo nto, kwaye sivumele umzimba uqhubeke, siyazenza ezo zinto nokuba ziyakha okanye azakhi. Ukuba uneNyaniso, ngoko hlala neNyaniso. Oko kuchanekile kanye. Kodwa mayibe yiNyaniso yeBhayibhile kuqala! Qaphela, ngo e . . . esi sigaba saseLawodike.

<sup>144</sup> Kwaye abaprofeti, uh, uMoya oyiNgcwele ethetha ngoPawulos, owayenguMesiya. YayingengoPawulos, yayinguKristu! “UThixo, wayethethile kudala ngeendawo ezininzi nangeendlela ezininzi koobawo ngabo abaprofeti, ngalo mhla wokugqibela ngoYesu Kristu,” AmaHebhre 1, qaphela, uMoya oyiNgcwele, uKristu, iVangeli egxile kuKristu, iLizwi eligxile kuKristu. Kwaye ukuba Igxile kuKristu, kwaye ingqine- . . . uThixo uyakuYingqinela ukuba iyiNyaniso.

<sup>145</sup> Naso isizathu sokuba nina bantu bamaPentekoste namkele uMoya oyiNgcwele ngokholo lwaMawisi- . . . ubuso bongcwaliso lobuWisile, ngokuba naniseLizwini ngokuchanekileyo.

<sup>146</sup> Naso isizathu sokuba nina maWisile nangcwaliswayo xana amaLutere ayengakholwa kulo, naniseLizwini.

<sup>147</sup> Yiloo ndlela nina maLuthere enasindiswa ngayo, nagwetyelwa, ngokuba umthunywa wenu washumayela ugwetyelo, kwaye waqhankqalazela ibandla lamaKatolika eyayiyinto engekho kunabo bonke. Babekholwa nje ebandleni; ubuyela eBhayibhileni, kwaye uthabathe loo nyaniso yeBhayibhile kwaye ubambebele kuyo.

<sup>148</sup> Kwaye ngoko kwalandela uWesley nenye inyaniso, kwaye wabambebele kuyo; kwalandela iPentekoste nenye inyaniso, kwaye yabambebele kuyo; ngoko ukuba unokubambebele kuloo



nto kwaye ubone ukuba ilungile, kutheni ungayithabathi yonke loo nto engqinelweyo ukuba ilungile? Kholwa yiyo yonke!

<sup>149</sup> Ngoku, xana sibona aba bathunywa, siyazi ngoko. Sibona uKristu, umProfeti-Thixo omkhulu exela kwangaphambili ezi zinto ziyakwenzeka ngemihla yokugqibela. Yenza ntoni? Yazisa ixesha lesivuno. Yazisa ixesha elo isivuno esiyakuvunwa ngalo, loo nto iya kubakho ngemihla yokugqibela. Uyayibona lonto?

<sup>150</sup> Ngoku, ezi zinto ziyakubakho ngemihla yokugqibela. Siyalwazi uhlobo lwesivuno esisikhangelayo. Sikhangelela ibandla elakha lanokuKhanya, laphambuka ukusuka kuKo, Laya kubukhazikhazi behlabathi, ligudisiwe (injalo lonto?), bemka, bethabatha naluphi na uhlobo lwelungu, nayo nantoni na, kwaye bayibize ngokuba bubuPentekoste, babhaptize nantoni na.

<sup>151</sup> Amanzi akasindisi mntu. Kuthabatha iGazi likaYesu Kristu. Akukho Bomi emanzini. Ubomi buza kwiseli yeGazi; kuthabatha ungcwaliso ukuze kuhlambuluke oba bomi, ukubulala umnqweno wesono; ngoko uMoya oyiNgcwele uza kwesa sitya sicocekileyo kwaye asibeke bucala emsebenzini, umsebenzi. Isibingelelo singwalisa isitya, kowa i . . . ukuzaliswa kwaso kuko okusibeka emsebenzini. Sasibekelwe bucala *ngexa* yomsebenzi, ngoku simelwe kukufakwa emsebenzini. Kwaye uMoya oyiNgcwele ufaka ibandla emsebenzini. Bendidla ngokulithanda elaa culo lincinane:

Babelhlanganisene kwigumbi eliphezulu,  
Bonke bethandaza eGameni Lakhe,  
Babhaptizwa ngoMoya oyiNgcwele,  
Kwaye amandla ngenxa yentsebenzo eza;

Ewe. Kwaye uninzi lwayo luthi:

Oko Wabenzela kona ngaloo mhla  
Angakwenzela okufanayo nawe.  
(Ngokuqinisekileyo.)

<sup>152</sup> Isivuno; abaprofeti; sema phaya kuKristu. Ngoku sibuyela umva kancinane nje.

<sup>153</sup> U-Isaya, umprofeti, indlela awangqina ngayo, eprofeta ngexesha lesiphelo. Wathi, "Umzimba wonke ubuya kuzala zizilonda ezibolileyo, zonke itafile ziya kuzala ngumhlanzi!" Kutheni, amadoda nabafazi namhlanje, bathabatha umthendeleko, behlala nabafazi ababini okanye abathathu, okanye amadoda amabini okanye amathathu, (kunjalo) zonke iintlobo ze . . . ukutshaya imidiza, nazo zonke ezo zinto; besiza enkonzweni, bethabatha umthendeleko!

<sup>154</sup> Ngoku, ndingaya nje ngaphantsi kancinane kunoko, kodwa ndizakulinda nje ithutyana, mhlawumbi ayikalungi ngoko. Ndizive ndikhangelwe nje kancinane kuloo nto ebendiya kuyitsho. Kodwa ndi . . . Unokufunda phakathi kwemiga.

Uyazi ukuba iBhayibhile ithini, izinto ezihlambulukileyo nezingahlambulukanga zizintoni.

155 Zonke ezi zinto sizibona zisenzeka ngoko, kwaye isizwe... inzululwazi ithi yi...kwiminyaka emine okanye emihlanu eyadlulayo, “Yimizuzu emithathu kude kube sezinzulwini zobusuku.” USirayeli uselizweni lakhe. Ibandla liseLawodike. Owu, bethu! Yintoni esiyikhangelayo? Yintoni ingxaki?

156 Sikhangela ukuKhanya kwangokuhlwa. Owu, ndiyamangala, ukuba Kuyakuza, ukuba singaKuyaphela? Okanye Ingatsiba ngaphezu kweentloko zethu njengokuba yenzayo emva kwezinye izigaba? Abazange bayazi ide ibe yenziwe yakude kakhulu.

157 Niyakhumbula, abo bantu benkolo yayingabo ababebulala abaprofeti abo babethunyelwe kubo. UYesu watsho njalo. Wathi, “Bahanahanisindini!” Wathi, “Niyawahombisa amangcwaba abaprofeti, kwaye ooyihlo babafaka phaya kwaye ngoko bakhe amangcwaba abo.”

158 Khangela kwibandla lamaRoma Katolika, bahombisa ingcwaba likaPatrick oNgcwele, bahombisa ingcwaba lika—likaJoan wase-Arc. Bambulala laa mfazi, bamtshisa njengegqwirha, ngokuba wayengowomoya, ngokuba wayebona imibono. Bamtshisa esibondeni, njengegqwirha. Kumakhulu amabini eminyaka emva koko bagrumba umzimba wabapristi kwaye babaphosela emlanjeni, ukwenza inguquko, besazi ukuba wayengumkhonzi kaKristu. Kodwa, ngaloo mhla, babengazi ukuba wayengubani na, ngelithuba ibandla lalidlula.

159 Kwaye Iyakuhamba kanye phezu kwabantu kwaye abasayikuze baYiqaphela.

160 UYesu, abazange bazi ukuba WayenguNyana kaThixo de Wafa kwaye wangcwatywa waze wavuka kwakhona. Ingaba uPetros akazange abamangalele ngoMhla wePentekoste na? “Nina madoda ngezandla ezingendawo nithabathe iNkosana yoBomi, naYibulala, naYibulala!”

161 Owu, uphawu olubomvu oludanyazayo lokuza Kwakhe luphantsi! Amen! Sisekugqibeleni. Amen. Olo phawu lubomvu ludanyazayo lukuyo yonke indawo, kuyo yonke indawo, “Uzuko lumkile,” wabhala. Ixesha liphelile. Ixesha liyaphela!

162 Inzululwazi ifikelele esiphelweni sayo. Kunjalo oko. Basungule into ngoku leyo banokulivuthulula lonke ihlabathi ngayo, wonke umntu uya moyika omnye. Bakwixesha lokugqibela.

163 Impucuko, ifikelele kwindawo abantu...incopho ijingela ngasemva. Abantu abenzi njengabantu abaphucukileyo. Ungayicinga ukuba indoda ifuna ukuba ibeyinto enxamnye naleyo uluntu luyiyo, namabhovu ayo ejinga ukuhla *ngolu* hlobo, iintsinjana zakhe zijinga esinqeni sakhe, isehla inyuka

eyadini yesikolo ngolo hlobo? Ubukrelekrele behlabathi obo buyakuza emva koku, ukuba kusekho nabuphi obunye babo, bekhupha amantombazana amancinane aneshumi elinesine leminyaka ubudala, wona phandle esitalatweni.

<sup>164</sup> Namhlanje, kwihotele ezisecaleni kwendlela, phaya kulele umama phaya phandle phaya enganxibanga ngokwaneleyo ukubamba umpu we musket, nomyeni wakhe elele phaya phandle ngendlela efanayo, kwaye kuloo moya ubandayo. Bacinga ukuba umzimba wabo mhle kakhulu kufuneka bawubonise. Ingaba awuqapheli ukuba ngumthyoli lowo? Injalo loo nto. Bahluba iimpahla zabo, ngamageza kuphela ayenzayo loo nto. Umkhosi wayenza lonto ngokuba wayephambene. Qaphela! Kwaye sinayo loo nto, kodwa oko kubizwa “isimbo,” oko kubizwa “okwale mihla.” Siyibiza ngokuthi “Ngumtyholi!” NdineBhayibhile ukukungqina ukuba ngumthyoli lonto. Kukulawulwa ngumthyoli, kukulawulwa lidemoni (hayi ingcinezelo). Ukulawulwa! Kunjalo oko. Baxelele malunga nayo? Baya kuqhuma. Abafuni kwanto yakwenza naLonto! Hayi, mhlekazi. Banembono zabo, ngokuba kwindawo yabo yokugcina izidumbu abakhe bayikhalimele lonto. Ukukhangeleka ngokwesondo kwenziwa ezikolweni nasezicaweni, kwaye abelusi bayoyika ukukukhalimela oko, kunqabile kakhulu nantoni na.

<sup>165</sup> Ndeva umlungiseleli ngenye imini, wathi, “Xana besungula le nto eluhlaza yamehlo, kunye—kunye nemilebe ebomvu, benza ihlabathi elihle ngakumbi.” Umlungiseleli weVangeli, epulpitini, angenza intetho elolo hlobo, udinga uhambo oluya eKhalvari. Kunjalo. Oko kuchanekile kanye, xana iBhayibhile iyigweba lonto!

<sup>166</sup> Kwaye iqela lamaPentekoste laxelela udade lowo wayesiza endaweni, elila, ngenxa yokuba wayenenwele ezenziweyo emva kwentloko yakhe, enenwele ezinde, bathi, “Itayara yakho elisispere liphume umoya.” Bathi, “Umelwe kukuzicheba ezo nwele, ngokuba iBhayibhile yathi wayenazo...ku-Isaya, isahluko sesi-5, babenamatayara angqukuva njengenyanga.” Ngoku, ingatsho njani iBhayibhile ukuba “umfazi wenza into engahlambulukanga,” akafanele ukuhlala naye xana echeba iinwele zakhe, ubonakalisa ukuba uyayihlaza intloko yakhe, kwaye ngoko inwele ezinde...?...Unokuyenza njani iBhayibhile ithethe into eloo hlobo? Ke, yintoni ingxaki ngabafazi bethu bamaPentekoste? Nibone kakhulu umabonwakude! Nibone kakhulu okwehlabathi, kwaye hayi okoneleyo kweLizwi likaThixo kuninika umdla. Ngoku, iBhayibhile yathetha oko. Yiloo nto iBhayibhile yayithethayo. Lowo ayindim, ngoku, leyo yiBhayibhile!

<sup>167</sup> Owu, inkangaleko ngokwesondo! Inenekazi lathi kum kungekudala, bendiqhubeka malunga nazo ndinxibe ezi bhulukhwe zimfutshane, wathi, “ndi—ndinxiba iibhulukhwe.”

168 Ndathi, “Okokubi kakhulu.” Wena...IBhayibhile yatsho njalo. Akanakuguquka.

169 Uthi, “LowongumBhaptizi.” Lawo ngamaPentekoste. Ndithetha kuni. Kunjalo oko. Yinyani leyo.

170 Kodwa yintoni ingxaki? Yintoni ingxaki? Umntu othile wehlise imivalo kwindawo ethile. Umshumayeli wakudala umhlobo wam wayedla ngokuthi:

Sehlisa imivalo, sehlisa imivalo,

Senzelela nesono.

Sehlise imivalo, izimvu zaphuma

Kodwa zangena njani iibhokhwe ngaphakathi?

171 Yintoni ingxaki? Xana wehlisa imivalo, imivalo yeLizwi likaThixo! Khumbulani, yayiyinkqubo kaThixo yokuqinisa iBandla Lakhe ngeLizwi Lakhe, ekuqalekeni.

172 Kwaye xana u-Eva wazathuzayo waze wathi, “Ke, ngoku, akukho ngiqweni, ndingaphila nje kakuhle njengabo...?” Ah! Yayenza loo nto.

173 Kwaye oko bekusoloko kuyenza lonto. Seso isizathu sokuba alelwe ukuba abe ngumshumayeli. Yabona, isuke nje yehlisa imivalo. Kulapho (ibandla) iingcambu zayo zengca zaqanduselwa khona, ngePentekoste, kwaye ezo zingcambu zengca. Akukho Sibhalo ngayo. Yabona? Ngoku, wenza ntoni ngoko? Ufumana kwaloo ngxubakaxaka inye leyo wawunayo phaya emva e-Eden. Qaphela, ngoku, ngoko xana sisiza eLizwini, uthethe malunga naYo... .

174 Akukho mntu unokumelana naloo Nto! Ndicela umngeni kuye nabani na ukuba ayitsho lonto. Eshumayelwe kwiMbewu YeNyoka, abaninzi kakhulu baqhuma malunga naloo nto. Ndaye ndacela amadoda athile ukuba beze bakhangelane nam ngayo ukuhla kuyo. Andibafumani.

175 EChicago kungekudala kwithuba elidlulileyo, ninazo iiteyiphu, babecinga ukuba babendithiyele kwinto ethile. BabenoMbutho wonke oMkhulu wabaLungiseleli baseChicago, UMzalwana (Yintoni leyo?) uTommy Hicks, uMzalwana uCarlson wayephaya. Kwaye ngobusuku obubini ngaphambi koko, iNkosi yandivusa ebusuku, yathi, “Yiya ume ngakula festile.” Ndaya, kwabe kukho uqhwithela. Yathi, “Ngoku, bakubekele umgibe.” Yathi, “Ngesi sidlo sakusasa, ungoyiki. Qhubeka, ndiya kuba nawe.” Ngoku, oku kuseGameni leNkosi. Ungabababuza kwaye ufumanise. Ikwiiteyiphu, kwaxelwa kwangaphambili: Yathi, “Ngoku, musa ukoyika ukuya, kodwa hamba ume,” yathi, “Ndiya kuba nawe.”

176 Kwaye kusuku olulandelayo ndahlangana noMzalwana uCarlson, intloko yesahluko phaya, kunye noTommy Hicks. Kwaye Yandixelela ukuba ndiyakuhlangana nabo kwaye siya kwindawo ebizwa “ngeTown and Country” ngenxa yesidlo

sakusasa. Ndahlala phantsi phaya nje ngokuchanekileyo. Ndathi, “Mzalwana uHicks, ungugqirha wobungcewele kwaye sizakuhlangana neqela elikhulu labalungiseleli apha, umbutho wabo waseChicago, kutheni ungayi kwaye uthethe endaweni yam? Ndikwenzele izinto ezininzi.” Ndandimvavanya nje.

Wathi, “Owu, bendingenakuyenza loo nto, Mzalwana uBranham.”

<sup>177</sup> Ndathi, “Ke, kutheni ungaqhubeki?” Ndathi, “Ndingakwenzela nantoni na, ngoku kutheni ungandenzeli oko nje?”

<sup>178</sup> Wathi, “Owu, bendingenakuyenza lonto, Mzalwana uBranham. Babengayi kuyimela loo nto.”

UMzalwana uCarlson wathi, “Hayi, babengenakuyenza.”

<sup>179</sup> Ndathi, “Uyazi ukuba kutheni.” Ndathi, “Makhe ndinixelele into, kungenxa yokuba nina, nobabini, niyazi ukuba bandibekele umgibe wombuzo.” Kwaye ndathi, “Niyifumene.” Ngoku, oku kuseteyiphini. Ukuba uyayifuna iteyiphu, singayifumana. Kwaye niyawazi wonke lamadoda. Ke ndathi, “Kubusuku obungaphambi kobokugqibela, ndabona umbono wokuba siyakuhlala apha kusanje kwaye uTommy uyakwala oku.” Ndathi, “Ngoku khangeleni, niyaku... niliqeshile ela gumbi lasehotele.”

“Ewe.”

“Irenti yahlawulwa kulo.”

“Ewe,” Mzalwana uCarlson.

<sup>180</sup> “Kodwa anizukwazi ukuligcina lona. Lowo ngu-ITSHO INKOSI!”

“Ngokuba?”

<sup>181</sup> “Niya kuya kwenye indawo ethile. Elo li—elo ligumbi eliluhlaza; siyakuya kwigumbi elimdaka ngebala. Ndiya kuba sekoneni; uGqirha Mead uzakuhlala ngasekunene kwam; kwaye laa mlungiseleli wakudala ontsundu nenkosikazi yakhe bayakuhlala ngapha ekhohlo,” nje ngendlela eyakuba ngayo ngoloo hlobo. Kwaye ndathi, “Nikhangele ngoku, yizani nje. Nimbonile uThixo ephilisa abagulayo, Mkhangeleni esedabini kwelinye ixesha!” Ndathi, “Ulungile, uyamangalisa.” Ndathi, “Nje khangeleni iimibuzo kwaye nibone ukuba ithuliswe njani na.”

Kwaye xana safikayo phaya ngalaa ntsasa . . .

<sup>182</sup> Ukuba ufuna iteyiphu . . . Jim, unayo, awukhange uze nayo? Kanye apha, kanye apha, ningayifumana iteyiphu ukuba niyayifuna, emhlanganweni.

<sup>183</sup> Ndathi, “Yintoni eninayo nxamnye nam? Yintoni ingxaki ngani bafondini?”

<sup>184</sup> UMzalwana uCarlson wathi, “Ke, uMzalwana uBranham undixelele kwiintsuku ezimbini ezidlulileyo ukuba siyakuba ne...” Kwaye abazange basifumane isakhiwo, basirhoxisa. Abakwazanga ukubavumela ukuba basifumane ngenxa yokuba igquba lomculo lalisifumene kwaye babengazi ukuba babenayo idiphozithi kuso, ngoko banyanzeleka ukuba bawarhoxise aMadoda angooSomashishini. Kwaye mhlawumbi niwuvile umyalezo wayo, uMzalwana uWilliams apha, nalapha, kanaanjalo. Kwaye—kwaye—kwaye wathi, “UMzalwana uBranham undixelele ngokuchanekileyo apho wonke umntu ayakube ehleli khona, kwaye wandixelela ngokuchanekileyo into eyakwenzeka.” Wathi, “Into enye,” wathi, “Ndi... uninzi lwethu lungangavumelani noMzalwana uBranham kuMyalezo wakhe, kodwa,” wathi, “Kuya kufuneka sivume into enye, akokoyiki ukuWuthetha,” ke—ke ngoko wathi, “akoyiki ngaWo.” Wathi, “Ngoku, nantso ke, Mzalwana uBranham.”

<sup>185</sup> Ndathi, “Ngoku, ngaphambi kokuba siqalise, Ndifuna indoda ethile, kwinto leyo ndiyithethileyo, ukuba ithabathe laa Bhayibhile ime apha ecaleni kwam.” Kwaye elo yayilelona qela lithuleyo wakha waliva. Ndathi, “Ngoko, ukuba aninako ukuyixhasa, ngoko sukani emva kwam! Ewe. Bazalwana, ndilapha ukuze ndibeke amagxa wam kunye nawenu, kodwa kufuneka sibuyele emva kwiinyani zeBhayibhile.”

<sup>186</sup> Bathi, “Kutheni unga—kutheni ungabayeki abo bafazi nje? Owu, ehe, ninga... abantu bakholwa ukuba uyi—uyimboni kaThixo.”

Ndathi, “Andizange ndikuthethe oko.”

<sup>187</sup> Bathi, “Kodwa abantu bayakukholwa oko.” Bathi, “Kutheni ungenzi—kutheni ungabayeki nje abo bafazi?” Bathi, “Kwaye yeka ukubaxelela malunga nendlela abafanele banxibe ngayo nokucheba ngayo inwele zabo nezinto abafanele bazisebenzise. Kutheni ungabayeki bona? Kutheni ungabafundisi indlela yokwamkela izipho kwaye—kwaye benze okuthile ngenxa yozuko lukaThixo?”

<sup>188</sup> Ndathi, “Ndingabafundisa njani ehlabathini i-algebra xana bengazukufunda nkqu oo-ABC babo?” Kunjalo oko. Kumelwe ubuyele kwisiseko kwaye uqalise.

Thixo, yiba nenceba kuthi ngoku. Ewe, mhlekazi.

<sup>189</sup> Naku apho sikhoyo, ixesha lokugqibela! Isibane esibomvu ukuhla, siyadanyaza! Ukubuya kweNkosi kusondele. Ewe, mhlekazi. Phulaphulani! UMyalezo wexesha lokugqibela kufuneka uhlangebezane neemeko zexesha lokugqibela. Apho baye baphuma khona, uMyalezo umelwe kukuba uyibuyisele umva. Ngalo lonke ixesha, uMyalezo wexesha lokugqibela uhlangebezana neemeko zokuphela kwexesha. Yonke indlela kuso sonke iSibhalo. Uyakunyanzeleka ukuba uyenze ngeli xesha, ukubizelwa emva kwiLizwi lakuqala. Owu, bethu!

Njengokuba benzayo abanye abathunywa kusuku, lo Myalezo uyakufaneka ukuba ube yinto efanayo. Sithenjiswa oko! UThixo wakuthembisa oko eLizwini Lakhe! UMalaki 4, wathi kuyakwenzeka oko, “Kwaye ubuyisele uKholo lwabantwana emva kooyise.” Kwathenjiswa oko, kwaye siphila kuloo mhla!

<sup>190</sup> Owu, bekusoloko kunjalo, xesha ngalinye, iqela leenkokeli elo lenza abantu bonke badideke. Akungobantu kangako; ziinkokheli ezo zibafaka endidekweni. Ngoku makhe. . .

Uthi, “Owu, Mzalwana uBranham!”

<sup>191</sup> Ke, ngoku, umzuzu nje ngoku, simelwe kukwenza oku ngokweSibhalo. Ukuba ayisoSibhalo, ngoko ayilunganga. Ngamazwi abo obulumko, kubunkokheli babo obungaphefumlelwanga, amazwi obulumko behlabathi, bona. . .Ngokuba, kukho abathile bezo ngqondi abanokuhlela oko kunye, kodwa ucinga ukuba uSathana akayongqondi kuso, naye? Akazange yena, ke, asondele kuYesu Kristu kwaye amnike isizathu, kwaye nkqu wacaphula iSibhalo kuYe? Ukwenzile oko! Uyingqondi kulonto. Kodwa uYesu akazange aphikisane naye, Wathi, “Kubhaliwe, kananjalo! Suka uye emva kwaM, Sathana.” Ewe, ubunkokheli obungaphefumlelwanga.

<sup>192</sup> Khangela kuKora, ngemihla xana uThixo wathumela uMoses ngomyalezo, kwaye uKora noDatan bacinga, beza kuMoses, kwaye bathi, “Ngoku, umzuzu nje, uthabathela kakhulu kuwe! Ucinga ukuba nguwe wedwa ingqalutye elunxwemeni; idada edamini, nguwe wedwa. Ndiya kukwazisa ukuba kukho abanye abantu abangewe, nabo!” UMoses akazange athi babengengcwele. Kodwa wayenomyalelo, kwafuneka ukuba awuphumeze. Kwaye bona benza iqela baza beza nxamnye noMoses.

<sup>193</sup> Kwaye uThixo wamxelela, “Hamba uye kuma ngaphaya emnyango.” Loo madoda ayephethe isiqhumiselo esandleni sawo, kwaye uyazi ukuba sasiya kwenza ntoni na eso siqhumiselo. UThixo wawuvula umhlaba waza wabaginya. Kwaye babenomlilo osuka esibingelelweni, kuso. Ngomlilo esiqhumisweni, ngokwesiseko njengoko yayinjalo, bona basilela ukuqaphela umyalezo.

<sup>194</sup> UThixo wathi, “Ndithuma wena, Moses, ezantsi phaya ukwenza oku. Ubazise ngapha.”

<sup>195</sup> Yabona, basilela ukuyiqaphela lonto. UMoses waye “ethe ngqo kakhulu” ngabo. Njengoko wayenjalo u-Eliya, kwiSikolo sabaProfeti, “ngqo kakhulu,” wahlala neLizwi.

<sup>196</sup> Yiloo nto nina bantu bamaPentekoste, kwafuneka ukuba nizahlule kwihlabathi lonke liphela, ngokuthe ngqo neLizwi. Ngoku musani ukunyamalalela nibuyele kulaa nto ubuphume kuyo, uyakhukuliseka! Musa ukuqhawula i-ankile yakho eKhalvari. Bamelela eLizwini likaThixo, kuba “Phezu kolu lwalwa ndiya kulakha iBandla laM,” hlala naLo.

<sup>197</sup> Ngoku, uDathani kwaye babecinga ukuba babe... kusengakho enye indoda. Yabona, obo bubukrelekrele bomntu buzama ukufaka izimvo zabo kwiLizwi likaThixo. Leyo yinto entle. Ubukrelekrele bomntu bezama ukufaka izimvo zabo kwiLizwi likaThixo. Ayiyikusebenza lonto! Ayisayikusebenza. Ayizange isebenze kwaye ayisayi kusebenza kwakhona.

<sup>198</sup> Khangela uYesu xana wayemi phaya, wathi, “Ngubani na kuni onokuNdigweba ngenxa yesono? Ngubani kuni onokubonisa ukuba andenzanga kanye oko iZibhalo zathi Ndiya kukwenza? Ndibanga ukuba ndinguMesiya. Kwaye ukuba aNdiyenzi imisebenzi kaBawo waM, ngoko musani, musani ukukholwa ndiM. Kodwa ukuba ndiyayenza imisebenzi nize ningakholwa ndiM, kholwani imisebenzi leyo ndiyenzayo, yona iyangqina ngaM.” Ngokuchanekileyo. Kwaye babengayikholwa yona, babefuna iindlela zabo.

<sup>199</sup> Basenokungathethi ukwenza oku kwaye baphosakale. Abathethi... Andikholwa ukuba umntu ufuna ukuyenza loo nto. Ndifumane abantu abalungileyo ngaphandle kulo mahlelo makhulu enkonzo. Ndifumene amadoda alungileyo. Kodwa kunjengokuba igqwetha latsho kunomathotholo, lisiza ezantsi apha, “Into engaqhelekanga, kukuba abefundisi babenokuma njani epulpitini, baze babone la maxesha esiza, kwaye bangakuvusi ukucaphuka kwabo kobulungisa, kwizono zehlabathi!” Kwaye xana kwafuneka ukuba igqwetha liphakame lize likutsho oko! “Kwaye indlela amarhamente enokusebenzisa ngayo imali yawo kuzo zonke iintlobo zemizi yogcino zilwanyana neepaki, nezinto, kwaye bengaxhasi inkqubo zamamishinari, yokuthabatha iVangeli ukuya ehlabathini.”

<sup>200</sup> Xana iimishinari zilambile, zingenazihlangu ezinyaweni zazo... Halleluya. Akukho hlelo lokubaxhasa, ngokuba, ukumela kwabo iLizwi likaThixo. Akukho nto ukubaxhasa. Ubafumana benento yokubaxhasa ngaphaya, ngoko bafumane ntoni na? Igquba elikhulu lemfundiso. Eyokwenene, imishinari yokwenyani, iimiqondiso elandelayo, kufuneka axhomekeke kumfazi othile ohlamba iimpahla ukuze abagcinele ipeni ezimbalwa. Qaphela, nantso apho ikhoyo.

<sup>201</sup> Basenokungathethi ukwenza... Ke, kodwa yintoni ingxaki yabo? Bazimfama. Watsho njalo uYesu. Khumbulani, khumbulani, uYesu wathetha kwaloo nto inye. Kwaye kubonakala ingathi, namhlanje... .

<sup>202</sup> Ngoku phulaphula, ndiyathemba ukuba andigxeki. Xana usenza inyaniso musa—musa ukuziva ukuba ndiyagxeka. Ndiyazama nje uku... ndi—ndiyathanda... Kwaye ukuba awenzi njalo... ndi—ndinenzondelelo ngeBandla. Oku, mhlawumbi libandla le-Assembly of God, okanye nokuba yintoni na, okanye—okanye a—andazi ukuba yintoni na.



Yintoni...Akwenzi nawuphi na umahluko kum. Libandla likaThixo. Yiloo nto ekuyiyo, ndiyakholwa, libandla likaThixo. Ke, ngoku, thina sonke kumelwe sibe koko, kungelilo ihlelo lebandla likaThixo, kodwa sifanele sibe ngamaKristu entliziyweni. IBandla likaThixo lihlala ngaphakathi kweendonga, hayi igama, njalo njalo.

<sup>203</sup> Ngoku, namhlanje kuninzi kakhulu koku, ukuba ubulungu bukuko konke okubalulekileyo ebantwini. Ngoku, khangela kumaBhaptizi enemvuselelo. Owu, babenayo enye. Babenesitsho ngo '44, "Isigidi esongezelweyo ngo '44." Imiyalezo kaBilly Graham iyaphuma. Ngokuba, ngokuqinisekileyo, yenzi into enkulu. AmaWisile, amaBhaptizi, amaRhabe, ibe yinto enkulu, kodwa yintoni esinayo?

<sup>204</sup> UYesu wathi kubaFarisi, "Bakhokelindini beemfama abakwazimfama. Nijikeleza iilwandle ukwenza umntu abe mnye umguqulwa, kwaye ungumntwana ophindwe kabini wesihogo ngaphezu kunokuba wayenjalo xana waqalisayo." Kwaye yiloo nto sinayo namhlanje.

<sup>205</sup> UBilly Graham, xana ndandiye kwisidlo sakhe sakusasa eLouisville, eKentucky, wenyuka phaya, engqongqo njengoko umvangeli wayenjalo, wathi, "Ndiyahamba...uPawulos wathi...Nanku umzekelo." Wathi, "UPawulos waya esixekweni waze wenza umrhamente wamnye, wabuyela emva konyaka waba namashumi amathathu ukusuka kulowo." Wathi, "Ndiya esixekweni ndenze amashumi amathathu amawaka amarhamente, kwaye ndibuye enyakeni kwaye andinakufumana amashumi amathathu." Wathi, "Yintoni ingxaki?" Kwaye ndayincoma indlela yomvangeli yokusondela. Wakhupha umnwe wakhe ngaphandle phaya, malunga namakhulu amathathu amadoda ehleli phaya, wathi, "Nini gqubandini labashumayeli abonqenayo." Wathi, "Nihlala e-ofisini ngeenyawo zenu phezu kwedesika, kwaye nitsalele indoda umnxeba, kwaye niyicele ukuba ihle kwaye—kwaye izibandakanye nebandla lenu. Nimelwe kukuya niyindwendwele."

<sup>206</sup> Ndahlala phaya, ndacinga, "(Owu Thixo!) Uyazi, uMvangeli uBilly, uyindoda enkulu. Ndingu—ndingongabalulekanga. Kodwa makhe ndikubuze into." Bendirhalela ukujika kwaye ndithethe lento; kodwa ndi—ndi—ndiyamncoma umzalwana, ndicinga ukuba ungumkhonzi kaThixo. Kodwa bendingathanda nje ukuba ndiyithethe lento, "Ngoko, Billy, luhlobo olunjani lomshumayeli uPawulos awayenalalo ukuze alandele owakhe?" Kwenzeka ntoni? UPawulos akamvumeli nje kuphela ukuba aphakamise isandla sakhe ukwenza isigqibo, wamthabatha wamsa kubhaptizo loMoya oyiNgcwele, wawubeka emlilweni umphefumlo wakhe, kwaye akazange akwazi ukuthula.

<sup>207</sup> Nantso ingxaki ekhoyo namhlanje, bubulungu. Ewe. [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]...amalungu, ubulungu

obukhulu, iiklasi ezinkulu zesikolo seCawe, ahlawule amaxabiso ngenxa yomntu lowo onokuguqula kwaye azise umntu othile osuka kwelinye ibandla ngaphaya, ngubani ofumene kakhulu. Uyazi, obo bubuFarisi! Kwaye ngoko benze ukuqhayisa okukhulu malunga nalonto, “Sibabethile ngeCawe edlulileyo.” Ukuba ufikelele kwindawo apho kufuneka wenze ibandla likaThixo ugqatso lweempuku, ngoko lixesha lokuba kuvalwe iingcango kwaye kugodukwe.

<sup>208</sup> IBandla likaThixo liinqaku eliphilayo likaThixo emhlabeni, libonakalalisa uYesu Kristu. Ndiyazi ukuba Ayithandwa, awunako ukuyilindela ukuba njalo. Silindele ukuba silunge.

<sup>209</sup> Senze iqhayiya elikhulu malunga nalo. . . Kodwa, ingaba ubusazi, iingxolo ezinkulu azizange zimchaphazele umprofeti uEliya. Weva kudlula umlilo nomsi ngakuye, kwaye indudumo nemibane, kunye negazi ne-oli, nayo yonke enye into, ayizange imkhathaze. Uyazi, iMelika ihlala ikhangela into ethile enkulu enengxolo eninzi kuyo. Kodwa uThixo “uliliZwi elincinane elizolileyo” elo litsala umprofeti.

<sup>210</sup> Uyazi, ukuba inqwelo ithe yaphuma ngaphandle kwentsimini, kwaye iyangqubeka, yenza ingxolo enkulu xana iphuma ngaphandle kwentsimini. Kwaye xana ibuya, ibuyela phezu kwaloo maqhuma manye kwaye ayizange yenze nencinane ingxolo, yayithwaliswe ngezinto ezilungileyo. Yabona? Ehe.

<sup>211</sup> Kodwa sibeka amava ethu phezu kwegquba lengxolo. Sinokuyenza njani loo nto? Sinokuzenza njani ezo zinto ngolo hlobo? Owu, bethu! Kwaye ngoko sinamathisele ubukhazikhazi beHollywood ngaphakathi, sibenabafazi phezulu epulpitini, benxibe iimpahla ezibaqinisayo kakhulu kwaye zikhangelekela isondo, bexhentsa emoyeni. Andazi ukuba loluphi uhlobo lomoya!

<sup>212</sup> Andifuni kugxeka ngoku, ndi—ndingu—ndingu. . . ndi—ndiyanithanda. Ukuba andenzi njalo, ngoko uThixo uyakundigweba ukuba ndinayo nayiphi na enye injongo ngaphandle kwaleyo. Yabona?

<sup>213</sup> Kodwa niyakufumana oko, yabona. Kulapho amaPentekoste akhukulisekele khona. “Sifumene ngaphezu komzalwana osekoneni.” Owu! “Sifumana ngaphezu kwe-Assemblies, ngokuba singaboBunye, okanye singamaTriniti, kwaye singa. . .” owu, *oku*, *okuya*, okanye *okunye*, zonke—zonke iintlobo zempawu ezahlukeneyo ezo banazo, uyabona. Owu, mzalwana, oko akuthethi *loo nto* kuThixo. Usebenza nomntu ngamnye. Kunjalo.

<sup>214</sup> Qaphela, iingxolo ezinkulu, kodwa ayizange imtsale umprofeti. Umprofeti akazange akhathale malunga neengxolo ezinkulu. Kodwa xana weva elaa Zwi lincinane lizolileyo, wayazi ukuba elo yayiliLizwi, wogquma ubuso bakhe kwaye weza ehamba epfumela phandle.

215 Niyazi, ilanga lingatsala amanzi amaninzi kwimizuzu elishumi elinesihlanu, ngaphandle kwayo nayiphi na ingxolo konke konke, kwaye thina . . . engaphezu ingxo- . . . kwaye senza ingxolo eninzi sitsala igaloni yamanzi kunelanga elenza isigidi semiphanda. Kunjalo oko. Sihlala sikhangelela into enkulu kunye nomninzi “hurrah,” kunye nentsholo eninzi kuyo. Kwaye xana kufikelela kwinyani yokuthabatha iLizwi, ngoko naku kusiza into isenyuka. Yabona? Yiza, kwaye bathi, “Ke, makabongwe uThixo, ndiyakuxelela . . .”

216 Ndahlangana nendoda apha kungekudala . . . Andiyithethi le nto kuba ndifuna ukuhlambela, ndiyacela nindixolele ukuba ndicinga ukuba iye . . . iyenza ihlambele. Ndandikumhlangano wentente kwaye, umlungiseleli, umlungiseleli womPentekoste weza nenkosikazi yakhe ukuba idlale ipiyano. Kwaye xana wandazisayo kunkosikazi wakhe, ngokunyanisekileyo, ndaphantse ndafa isiqaqqa. Lo mfazi wayeneenwele ezimfutshane ngenene, zisongiwe, kwaye waye namakhulu, amakhulu amacici, kunye nesiqaba mlomo esaneleyo emilbeni yakhe, okanye nokuba yintoni na loo nto, iinzipho ziqatywe. Wayekhangeleka ngathi waye yi . . . Yayikhangeleka isoyikeka; kakhulu, iinzipho ezinkulu ezinde, kunye nokunjalo. Kwaye inkangeleko yesondo; encinane, encinci, ilokhwe emfutshane, wayengenako nkqu nokuyibeka phezu kwamadolo xana ehlala phantsi. Ke, ndema phaya kancinane, ndaze ndathi, “Mzalwana, ingaba ndingenzakalisa iimvakalelo zakho ukuba ndingathetha into?”

217 Wathi, “Ngokuba, ngokuqinisekileyo akunjalo.” Indoda elungileyo, kwaye naye wayebonakala engumfazi olungileyo.

Ndathi, “Uthi umfazi wakho ungongewele?”

Wathi, “Ewe.”

218 Ndathi, “Uxolele intetho, kodwa ukhangeleka ngathi a ‘kanguye kum,’ Ndathi, uyazi, ‘okanye into elolo hlobo.’ Ndathi . . .

219 Wathi, “Uthetha ukuthini, Mzalwana uBranham?” “Owu,” wathi, “ungowesikolo sakudala.”

220 Ndathi, “Ndingowesikolo seSibhalo. Kunjalo oko, isikolo seSibhalo.” Andikholwa ukuba ongcewele wenza ngolo hlobo, andinako nje ukuyenza loo nto, xana iBhayibhile iyigxeka kangaka lonto. Yabona?

221 Kunjalo oko, kubonakala, ngalo lonke ixesha, yonke into esiva ngayo, “babenezigqibo ezimashumi mane,” “izigqibo ezingamashumi amane anesine,” “saba nezigqibo ezingamakhulu amathathu.” Ke, olo luvumo. *Uvumo* nga “matye.” Kunjalo oko, kuba uPetros, phezu koluvumo lwakhe, wabizwa “ilitye, ilwala elincinane.” UPetros, uvumo lwakhe. Ngoku, amatye alungile, kodwa yintoni elungileyo okanye ixabiso elililo ilitye kwisakhiwo ukuba akekho umakhi wenene

wamatye phaya onesixhobo esibukhali seLizwi sokubasika abenze oonyana bakaThixo? Yabona? Yintoni elungileyo kwisivumo?

222 Seso sizathu sokuba ubuye kwaye ungafumani amashumi amathathu kumashumi amathathu amawaka. Uqengqa amatye ukuphuma eluthulini, kwaye uwaqengqele phandle phaya, kwaye akakayilungeli itempile nangoko. Amelwe kukuba asikwe, alinganiswe ngokweLizwi likaThixo, abekwe phaya, ahlanganiswe kunye, akhelwe phezu kwesiseko seMfundiso yabapostile, uYesu Kristu iLitye lembombo. Kwaye wathi, “Lowo ukholwayo kuM, imisebenzi leyo ndiyenzayo Mna uya kuyenza naye.” Injalo loo nto.

223 Singaba liBandla njani xana sijongelana phantsi? Wathi, “Oku baya kwazi bonke abantu ukuba ningabafundi baM, xana ninothando omnye komnye.” Xana siguqula kwaye siqhekeka, kwaye ngenxa yokwahlukana kobuhlelo... Andiyibeki lonto phezu kwabantu, ndiyibeka phezu kwehlelo. Kunjalo oko. Kungekhona kubantu kwaphela. Yabona? Owu, imbi kakhulu, nangoko ndi... .

224 Kufuneka ube naso esi sixhobo sibukhali, iLizwi likaThixo, ukubabumbela ukubeni ngoonyana beSakhiwo. Owu, bethu! Umthandazo wam ngulo, “Thixo, khawuleza ngoMalaki 4. Sinike uMyalezo ngemihla yokugqibela. Sinike umntu othile, thumela into yokusindisa eli bandla lamaPentekoste.”

225 Hlobo luni lomthunywa uThixo anokusithumelela lona kule mihla yokugqibela? Ndiyakukuxelela oku, mzalwana wam, dade, njengomzalwana wenu nomkhonzi kunye nani ndikhangele kwelaa xesha lizayo, uyakuba luhlobo olunye lomthunywa olo luzayo kwelinye ixesha. Uhlobo olufanayo! Uyakubuyisela ibandla emva eLizwini. Thixo, makhe sibeke isiseko ngenxa yayo ngaphambi kokuba ifike apha. Ngaphambi kokuba eze, makhe sibeke isiseko phandle kwaye sibe ngamatye, esikiwe, elungele ukuma igxalaba ukuya kwigxalaba kunye naye xana uThixo emthuma, ngokuba Wathembisa ukuba Uyakuyenza loo nto.

226 Ngoku, ndiyazi, ndiyayiva loo nto ibuya umva. Kwaye, khumbulani, ngesibabalo esincinane ndinokubamba ukucalula umoya, yabona. Ngoku, niyakucaphukela oko, xana bendithe uMalaki 4. Kodwa makhe ndinixelele into. Wathi, “UYesu wathi, ‘Ukuba ninako ukukwamkela oko, lo ngu-Eliya lowo kwathethwa ngaye.’”

227 Kodwa ukuba uyayibona into Awayithethayo ku—ku—kuMateyu oNgewele, isahluko se-11 kunye nomqolo we-6, “Ukuba ninako ukukwamkela oko, lo nguye lowo kwathethwayo ngaye, kwaye wathi, ‘Ndithumela umthunywa Wam phambi kobuso Bam.’” Lowo yayinguMalaki 3, kungenguye uMalaki 4.

228 Kuba, kuMalaki 4, Wathi, “Ngaphambi kokuba lufike olusuku, umhlaba uya kutshiswa kwaye abantu bahambe phandle phezu kwawo; utshiswe njengeendiza.” Kunjalo oko. Wayethetha ngoko ngomthunywa phambi kobuso Bakhe, owayengu-Eliya, lowo wathi. . .

229 A—andikholwa kuyo yonke le nto ilapha ejikelezayo namhlanje malunga nengubo ka-Eliya kunye nayo yonke loo nto. Ndi. . . Zonke ezo nkohliso zimelwe kukuba zifike, kakade, ziphazamise eyona nto yokwenene xana ifika. Kodwa, makhe ndinixelele, kuyakuvuka umthunywa ekupheleni kwesi sigaba samaPentekoste kwaye aqukumbele into. Iyakuba yindoda. Hayi iqela, hayi ihlelo; kodwa indoda. Kwahlala kunjalo, kwaye uThixo akanako ukuyitshintsha inkqubo Yakhe, unguThixo onguNaphakade.

230 Khumbulani, ukuba laa mthunywa (uYohane) wayengumthunywa kaMalaki 4, ngoko iZibhalo zasilela, kuba Sathi, “Thiya kuba njalo. . . umhlaba ubuya kutshiswa njengeendiza, kwaye amalungisa ebeya kuhamba phezu kothuthu lwabangendawo.” Ke Yifunde, kwaye ubone ukuba oko akunjalo na. Yabona? Kodwa uYesu akazange athethe oko, Wabhekisa kuMalaki 3, “Ndiya kuthumela umthunywa waM phambi kobuso baM, ukuze alungise indlela ngenxa yaM.” Oko kuchanekile kanye.

231 Ngoku, kodwa khumbulani, lo ungomnye wayezakubuyisela ukholo lwabantwana emva kooyise, ukubuyisela ukholo lwabantwana emva kuKholo looyise, iBhayibhile yakuqala.

232 Yiloo nto ngokuchanekileyo uMoses wayenzayo. Yiloo nto ngokuchanekileyo uYesu wayenzayo. Yiloo nto ngokuchanekileyo wonke umthunywa wayenzayo ukuhla ngeBhayibhile, ekupheleni kwexesha leloo xesha, bawubuyisela emva kwakhona umyalezo. Abantu, ngemibutho nezinto, babhideka bonke nayo yonke into, ngaloo mihla.

233 Benze into ekwanye namhlanje! Ke sikhangelani umthunywa. (Thixo, mthumele!) Ucinga ukuba siya kumamkela? Hayi, mhlekazi! Uya kuba “sisphambo kwaye abe ngumbaxi,” ngokuqinisekileyo ngokwaneleyo, kodwa uThixo uya kumngqina. Ikhohla lenene, abo bamiselwa ngenxa engaphambili kuBomi obunguNaphakade, uYesu wathi, “Bonke uBawo aNdinike bona bayakuza, kwaye akukho mntu unokuza engathanga uBawo waM amtsale. Kwaye konke uBawo athe” (ixesha elidlulileyo) “wandinika bona Mna, baya kuza.” Kunjalo oko, babe. . .

234 Andikholwa kule mfundiso ilapha yamaBhaptizi yo—yokhuseleko lwaNaphakade. Ndiyakhohla ngandlela ithile, kodwa ndiyakhohla ukuba ukhuselekile okoko nje useBandleni. Kodwa uphume kwi. . . uphume ukusuka phantsi kweGazi

likaYesu Kristu, awukhuselekanga. Ndikhuselekile emvuleni logama ndilapha.

<sup>235</sup> Kwaye xana ubhaptizelwe kuMoya oyiNgcwele kwaye *uthi* unoMoya oyiNgcwele, kwaye ngoko ukhanyele iLizwi likaThixo? *Uthi* ukholiwe waze wamkela uMoya oyiNgcwele, uze ukhanyele ukuba iLizwi liyinyaniso? Ngoko ingaba nguMoya oyiNgcwele njani lowo xana yayinguYe owabhala iBhayibhile? UMoya oyiNgcwele akhanyele iLizwi eLileLakhe, uthi, “be—bendingalunganga, unyanisile”? Hayi, lowo asinguye uThixo. Hayi, mhlekazi.

<sup>236</sup> Ikrele Elibukhali! Nkosi, sithumelele uMyalezo omkhulu, oko koko sikukhangeleyo. Ngoko kakade, xana esiza kulungisa loo matye ukuze awanqumle ukwenzela isakhiwo yintoni eyakwenzeka? Uninzi lwabo aluyi kulumela uvavanyo lweLizwi. Bayakuthanda eyabo imibutho ngcono kunokuba belithanda iLizwi likaThixo, nangona eloo Lizwi lingqinelwe ngaloo ndoda. Uyakuba ngumprofeti oyakuza eGameni leNkosi, kwaye uyakuba nguyeyi lowo oya kuza phezu komhlaba. Ndiyayikholwa lonto.

Owu, wonke umntu uthi, “Iya kuba liqela labantu.”

<sup>237</sup> Ndifuna umntu othile andibonise eBhayibhileni apho iyakuba liqela labantu; UThixo uyakwaphula iLizwi eLileLakhe, Akanakuyenza loo nto. Hayi, mhlekazi. Wathembisa oku. Iya kuba yindoda enye. Kwaye ngoko kuyakubakho abanye kunye nayo, kakade, amawaka, onke amakholwa eBandla ayakuba naye, kuyo yonke indawo.

<sup>238</sup> Njengokuba kwakunjalo ngemihla kaNowa, akusayi kubakho baninzi kakhulu babo basindiswayo, ngokuba uYesu wathi, “Njengoko kwakunjalo ngemihla kaNowa.” Ingaba uyakwazi oko? “Njengoko kwakunjalo ngemihla kaLothe,” (babale) “kuya kuba njalo.”

<sup>239</sup> “Amazulu nomhlaba ayakudlula, kodwa iLizwi laM aliyi kudlula.” Yabona ukuba ndithetha ntoni na? Owu, mzalwana, kungcono sithabathe uluhlu lobalo, kusenokuba kamva ngenene nangaphezu kokuba sicinga. Kunokwenzeka singavuka ngenye imini kwaye sibone ukuba kukho into esiyiphosileyo. Lumka! Qaphela, thandaza, phengulula, funa, musa ukuyiyeka Idlule phezu kwakho. Kwaye, khumbulani, xana iLizwi likaThixo lishunyayelwe, uThixo ubophelelekile kwelo Lizwi kwaye uyakuLigqinela.

<sup>240</sup> Niyazi ukuba yintoni Awayithethayo phaya, kwenzeka ntoni ngemihla kaLothe? Wathi, “Njengoko kwakunjalo ngemihla kaLothe.” Kwenzeka ntoni phaya ngaphambi nje kokuba umlilo uwe? Kuyakwenzeka ntoni kwakhona nje ngaphambi kokuwa komlilo, hlobo luni lomyalezo iBandla eliya kuwufumana? Kungeyiyo iSodom ngoku, iBandla elinyuliweyo. Bagcine nje abo bathathu: nangaya amaSodom; kwaye kwabakho

uLothe neqela lakhe, ibandla lomthetho; kwabakho u-Abraham, oNyuliweyo. Bobathathu bafumana umyalezo, ewe, ngabathunywa abohlukeneyo. Khangela ukuba luhlobo olunjani na olwaya kwiBandla elonyuliweyo, loo nto Wayenzayo ku-Abraham. UYesu wathi, “Ke kuyakuba njalo ekufikeni koNyana woMntu.” Ngoku, asinakuyikhanyela loo nto, yiloo nto ngokuchanekileyo uYesu wayithethayo. Ke, kakade iya kuba ngaloo ndlela.

<sup>241</sup> Ngoku, abaninzi...xana uYesu weza kwaye wazisa uvavanyo waze wathi, “Ziphengululeni iZibhalo, kuba kuzo niba ninoBomi obunguNaphakade, kwaye zizo ezo zingqina ngaM,” babenako ukumelana uvavanyo? Hayi. Kwaye nabani na uyazi, zonke izivumo zamatye ezingakwaziyo ukumelana novavanyo lweLizwi ziphoswa kwimfumba. Lichachambile, liqhekezwe ngamanzi, alisayi kumelana novavanyo. Owu, ndoda, ngoko thunyelwa kwimfumba yenkunkuma! UThixo usoloko ebala isimilo endaweni yamanani.

<sup>242</sup> Ndiyavala. Ndiyaxolisa ngokunigcina ngalo lonke eli xesha, bendingazimisela ukwenza oku. Makhe nje ndi u—umzuzwana, mbini, ndenze oku kuphawula kokugqibela, ngoko ndiza kuyeka nje emzuzwini. Ndiyathemba ndi—ndi—ndithethe into yokunceda, yabona, ukuninza nifunde. Yabona?

<sup>243</sup> UThixo usoloko ebala isimilo, kungengawo amalungu. Kwaye namhlanje enza ngokubhidanisa. Sibala amalungu, isinxibo esihle, abahlawuli kakuhle, endaweni yesimilo. Uhuh.

<sup>244</sup> U-Eliyezere wabila yena, wada wafumana isimilo. Kunjalo oko. Wayeza kufumana bani? Kwaye wayethembele ngoThixo. Isimilo santoni? Isimilo sika-Isake, umtshakazi, nto leyo iBandla elingumfuziselo wayo. Niyakwazi oko. Leyo yayiyimbewu yemvelo ka-Abraham; le yiMbewu yobukumkani ka-Abraham. Ke, ukuba u-Eliyezere, umthunywa ezingela umtshakazi kwaye ezama ukufumana isimilo, ukuba loo ndoda ifikile, umthunywa womhla wokugqibela, ezama ukufumana umtshakazi ngenxa kaKristu, ayiyi kukhangela bulungu bahlelo. Uya kukhangela isimilo esivumayo.

<sup>245</sup> Khangela! Isimilo esihle kuqala, ngoko ukumlungiselela ukuba ahlalane no-Isake. Emva kokuba efumene isimilo, ngoko amenze ame ngxi ixesha elide ngokwaneleyo ukuphulaphula kumyalezo wakhe ka-Isake.

<sup>246</sup> Lowo ngumthunywa wemihla yokugqibela, ukuKhanya kwangokuhlwa, kuqala kukufumana elaa Bandla (bayakuwukholwa phi uMyalezo?), wuzingele. Ingaba unakho ukuyifunda loo nto ndithetha malunga nayo? Zingela apho likhoyo elabandla elo nkqu liyakukuvumela ukuba ungene, elo lingayi kuvala ucango ebusweni bakho. Kwaye ngoko xana usenza phaya, ngoko ufumene isimilo. Ngoku ukuba uyakuma

ngxi ixesha elide ngokwaneleyo ukuze amxelele indlela ekumelwe ukuba anxietyiswe ngayo uMtshakazi! Kufuneka ukuba anxietyiswe. Yima ngxi! Ukuba wayenokufumana . . .

<sup>247</sup> Khangela kuRebheka omncinane ephulaphule ilizwi ngalinye, intliziyo yakhe encinane yayibetha. Yena... U—ubemxelela. Ngoku, uyewabila, “Ndiza kuya phi?” ndide ndifumane isimilo. Ngoko xana ndifumene isimilo, ngoko ndimenze ame ngxi ixesha elide ngokwaneleyo ukumlungiselela ukuya kuhlanguana naye. Owu, bethu, enjani yona into ukumangalisa! (Ndingwenela ukuba besinexesha kancinane elingakumbi kula wotshi.) Mlungiselele yena; yimani ngxi ukuphulaphula kumyalezo wakhe ngaye. U—Eliyezere wayengathethi ngesiqu sakhe, kodwa wayethetha ngalowo wayethunywe evela kuye. Kwaye wayenezipho zokungqina ukuba wayethunywe evela kuye. Amen! Wayefuna ukumambathisa ngezi zinto. Niyayazi indlela awamlungisa ngayo.

<sup>248</sup> Ukuba nje bendinokumfumana ukuba ahlambe nje ubuso bakhe! Yabona? Uyazi, ndi—ndizive nje ndijongiwe kuloo nto, ke kungecono ndithule. Kakade, ndithethe ngokwaneleyo, niyayazi into endithetha malunga nayo. Kunjalo oko, phulaphulani, nje yimani ngxi.

<sup>249</sup> Qaphela, umthunywa wexesha lokugqibela, umsebenzi wakhe iyakuba kukwenza abangcwele balungele, uMtshakazi alungiselele uMyeni. Lowo iyakuba nguMyalezo wakhe. Ngoku nifuna ukufunda oo-ABC ukuze nibenako ukufunda i-algebra kamva? Xana amanye amatywina angasemva enqikiwe aya kutyhilwa kubo kuphela. Kunjalo oko. Funda u-ABC kuqala. Yintoni u-ABC? “Hlala uKholwa kuKristu,” (hayi umgaqo wakho), uKristu. Yabona? Kholwa lonto Ayithethayo, hayi into ethethwa ngumntu othile.

<sup>250</sup> Ukuba ichasene, ukuba umntu uyakuxelela, “Kulungile ukuba nichebe iinwele zenu, bafazi,” niyazi ukuba uyaxoka. IBhayibhile ithi akulunganga. Ukuba uthi, “Unokuba ngumdikoni kwaye usenabafazi abane okanye abahlanu,” uyaxoka. Oko kuchasene neLizwi. Yabona? Zonke ezi ezinye izinto esithetha ngazo, zibizele eLizwini kwaye ubone ukuba iLizwi lilungile na.

<sup>251</sup> Buyisela ibandla emva kwiLizwi. Ngoku, yintoni amelwe kukuba lo mthunywa kaMalaki 4 ayenze? Abuyisele uKholo lwakuqala, uKholo lovuko. Ukuba, bambona uYesu emva kokuba Evukile ukusuka kwabafileyo, baMbona esebenza phakathi kwabo.

<sup>252</sup> Babengabantu bamazwi ambalwa. Baphuma kwaye bashumayela iLizwi. Owu, bashumayela ixesha elide, uPawulos washumayela ubusuku bonke ngaxesha lithile. Yabona? Indoda ethile yawa ngaphandle kwesakhiwo, yazibulala.



Wawubeka umzimba wakhe phezu kwakhe, wambuyisela ebomini kwakhona, yabona. Yabona? Yabona, waqhubeka eshumayela.

<sup>253</sup> Ngoku, qaphela ukuba babengamadoda ahlukileyo kunokuba iPh., L.L., Q.U.S.T., kwaye nokuba ufuna ukuyibiza ngantoni na, injalo namhlanje. Yintoni? Eyahlula umthunywa kunye...UMyalezo, gxebe, ngomthunywa, uyakwahlula amakholwa ukusuka kwabangakholwayo. Abanye babo baya kuYilandela, kwaye abanye abayi kwenza njalo. Abanye bamaLutere...Abanye bamaKatolika balandela uLuther, abanye abazange. Abanye bamaLutere balandela kumaWisile, abanye abazange. Abanye balandela kumaPentekoste, kwaye abanye abazange. Abanye bayakulandelana nokuKhanya kwangokuhlwa, abanye abayi kulandela.

<sup>254</sup> Uyakuyazi njani ukuba kukuKhanya kwangokuhlwa okanye hayi? Yivavanye ngeLizwi (hayi nje iLizwi *elinye, lonke* iLizwi lihlanganisiwe), ubone ukuba injalo na okanye hayi. Owu, ikwintoni? Ngoko ukuba lo Myalezo uvelisa ubungqina bokuba uThixo wenza loo nto Wathi Uyakuyenza, kwaye ingqamene neLizwi, ngoko iLizwi lingqinelwe njengamanye amaxesha nezinye iziprofeto zenzayo.

<sup>255</sup> Qaphela xana uMyalezo...xana...Qaphela xana uMyalezo waliwe ngabantu, kwaye umthunywa ubonakala engoyisekileyo ngokugqibeleleyo, akanako ukufumana omnye umnyango, akanako ukuyifumana indawo.

<sup>256</sup> Njengokuba iNkosi yethu yayinjalo. Khumbulani, xana Yena waye...Owu, xana Wayephilisa abagulayo, umProfeti oselula, "Owu, bethu! UnguMfo omkhulu!" "Molo, Rabhi, wenza njani?" Kodwa ngenye imini Wahhlala phantsi waqalisa ukubaxelela iNyaniso. Wafumana inceba ebandleni, abantu. Amawaka aMlandela. Wayenabalungiseleli abamashumi asixhenxe beMngqongile, ngaphandle kwabalishumi elinababini. Kodwa ngenye imini emva kokuba Esijikile isonka kwi...okanye ejike i...andise izonka, ukugqina ukuba WayenguThixo, kuba nguThixo kuphela owanisa isonka siphuma eZulwini. Ehe. Yabona? Wazandisa izonka. Kwaye ngoko nangoko emva koko...Wayehambe phezu kwamanzi, wenza imimangaliso, kwaye wenza izinto ezo Wazenzayo, ukugqina ukuba Wayenguye.

<sup>257</sup> Kwaye ngoko, xana Wenzayo, Wahhlala phantsi waqalisa ukuba xelela ngokungqongqo abantu. Abantu bajika bemka. Kwaye abamashumi asixhenxe athi, "Uh! Ngubani onokukuva Oku? Elo lilizwi elinzima. Uchithe phantsi into okunene ebescinga ukuba yayiyinto ethile. Ngoku, ungubani na Wena ukuba usixelele ezi zinto?" Kwaye bahamba bemka.

<sup>258</sup> Ngoko uYesu waguqukela kwiqela Lakhe elincinane, njengakwimihla kaNowa, njengakwimihla yeSodom, wathi,

“Nifuna ukuhamba, nani?”

259 Ngoko uPetros wathetha loo mazwi makhulu, “Nkosi, besiya kuya phi?” (Thixo, sinede.)

260 Qaphela xana uMyalezo waliwe kwaye umthunywa ubonakala ngokungathi woyisiwe, kungelo xesha xana uThixo enyathela embonakalweni, uMyalezo wakhe uphelile.

261 UNowa, (vala ngoku), uNowa washumayela emnyango womkhombe wakhe iminyaka elikhulu elinamashumi amabini, de, xana ekuqibeleni bamhleka isigculelo, uNowa wangena emkhombeni ecinga ukuba u. . . nje kuyakulunga konke. UThixo waluvala ucango. Kwaye abantu bajinga nxazonke ukubona ukuba yintoni eyayiyakwenzeka. Iintsuku ezisixhenxe wahlala phaya wabila, kwaye ngomhla wesixhenxe yana imvula. Uhuh.

262 UMoses, wayekwintoni na? Kowona mgca womsebenzi, ekhokela abantu. ULwandle Olubomvu lwangena endleleni yakhe. Wayesesiphelweni sendlela yakhe. Kwakungelo xesha ngoko awathi uThixo weza ngomoya waseMpuma walwahlula ulwandle, ekupheleni kwendlela.

263 YayinguDaniyeli, emi phezu komyalezo wakhe, “Andiyi kuzingcolisa ngeli hlabathi lokumkani.” Ukuma ngokwenyani kuThixo, waye sezantsi kanye ekupheleni kwendlela yakhe, kwabonakala ngokungathi isiphelo sexesha lakhe lifikile, bamphosa emhadini weengonyama. UThixo wanyathela embonakalweni.

264 Kwaye ngenye intsasa, kude ezantsi eBhabhiloni... Amen! Ndingakhangela phezulu eZulwini, ndingayibona i—iTrone, iiNgelosi zimi ngeenxa zonke. Khangela ezantsi apha eBhabheli, ndinokulibona i—iziko elivuthayo. Ndinokubabona abantwana abathathu bemi phaya, besithi, “UThixo wethu unako ukusihlangula.” Yabona? “Kodwa asiqubudi kumfanekiso wakho, ngokuba kuchasene neLizwi.” Yabona? “Thina simi apha.”

265 “Kulungile,” wathi ukumkani, “nyukani ngezinyuko, niya kutshiswa.” Indoda esisigantsontso, ekupheleni kwalo mkhonto, nanku besenyuka ngezinyuko, inyathelo ngenyathelo, kushushu ngakumbi kwaye kushushu ngakumbi.

266 Ndinokuyibona iNgelosi imi ngaphaya, enye, ngakwicala leTrone, ibamba ikrele kwaye ilirhola, yathi, “Bawo, khangela ezantsi phaya, kwenzeka ntoni! Ndivumele ndihle, ndinguGabhriel, ndiza kutshintsha indawo.”

267 “Libuyisele ikrele lakho esingxotyeni, Gabhriyeli. Bendiyibukele.”

268 Nanku kusiza omnye, wathi, “Bawo, ndinguWormwood, ndingumtshalalisi ngamanzi. Ngexesha langaphambi konogumbe, umntu wona wabaphatha kakubi abantu Bakho,

kwaye nda—ndaguqula umhlaba wonke waba yiglowubhu yamanzi. Ndizakuyihlamba iBhabhiloni ndiyisuse kwimephu ngale ntsasa. Ndivumele ndiye.”

<sup>269</sup> “Ndiyazi ukuba unako, Wormwood, uyiNgelosi ethembekileyo. Yabona? Kodwa, andinakukuvumela ukuba uye, lo ngumsebenzi waM. Ndiyakuya, ngokwaM.”

“Wena . . . Ingaba Ubabonile?”

<sup>270</sup> “Bendibabukele ubusuku bonke. Ndawuva umthandazo wabo womhlangano. Ndikubonile ukumela kwabo iLizwi laM. Ndiya kuba phaya ngexesha.” Owu, bethu! NdiyaMbona ephakama kwaye iingubo Zakhe zobukumkani ziwela ngakuYe, ngolo hlobo, kwaye wathi, “Yiza apha, moya waseMpuma, Mntla, Mzantsi, Ntshona. Nyathela ngaphezu phantsi kwaloo ndudumo ngaphaya, ndiyakukukhwela njengenqwelo yokulwa ngale ntsasa. Ndiya kuhla ndiye eBhabheli, ndiya kuguqula imbonakalo.” Owu, mzalwana, Wayephaya kanye ngexesha!

<sup>271</sup> Iiso Lakhe likungqatyana kwaye ndiyazi ukuba Undikhangele mna. Usakhangele ngokuhlwanje, undikhangele mna, Ukukhangele wena. Ukhangele ukuba siyakuma okanye asiyi kuma, zeziphi izigqibo esiya kuzenza, nokuba siyakuma sinyanisile kwiLizwi okanye simke sisuke kuLo. Kukamva nangakumbi kunokuba ucinga.

<sup>272</sup> UYakobi, endleleni yakhe egodukayo, waphembeleleka ukuba abuyele ekhaya, umntakwabo wayehlangana naye. Owu, kodwa ngobunye ubusuku wamazana noThixo. Wayesoyika ukuhlangana nomntakwabo, kodwa ngentsasa elandelayo wayengasoyiki, inkosana eqhwalelayo. “Andimdingi u-Esawu okanye nomkhosi wakhe, nokuba nguwuphi na,” UThixo wanyathela kulaa ndawo. Yabona, Wenza ngendlela ekhethekileyo.

<sup>273</sup> UYesu, waliwe, emveni kokuba nguNyana kaThixo ongqinelweyo, wathi, “Ukuba andiyenzi imisebenzi kaBawo waM, musani ukukholwa ndiM.” WayekukuKhanya komhla (UsekukuKhanya!), wanyathela embonakalweni. Kwaye abantu, okoko nje Wayenako . . . isonka neentlanzi nezonka, baMlandela. Kodwa xana Waqalisa ukubaxelela iNyaniso yeLizwi, oko kwabohlukanisa, babenezithethe zabo ababebambelele kuzo. Yayichasene, kananjalo uyazi ukuba Wayekunye ngokuchanekileyo neSibhalo. Kodwa amehlo amfamekileyo wehlabathi ayengenako ukuyibona Lonto; nangoku abakakwenzi oko, abanako nakwesiphi na isigaba, ndithetha, xana siphelile. Kwenzeke ntoni? Kwabonakala ngokungathi Woyisiwe.

<sup>274</sup> Uyaqaphela, ukususela kanye ngelo xesha, udumo Lwakhe lwaMshiya. Nini? Xana Waqalisa ukubaxelela iLizwi. Xana Wayenokuhamba abe—abe neenkonzo zempiliso kunye namaphulo, wonke umntu wayeMfuno, “Owu Rabhi, yiza

ngapha!” kwaye, “Rabhi, yiza apha!” Kodwa xana iqalisa iMfundiso Yakhe; “Owu, iMfundiso Yakho iyabaphazamisa abantu bethu.” Owu, yini na! “Owu, andinakubuya ndibe naWe ebandleni lam kwakhona, Rabhi, ngokuba, kuba, Uyababhidisa abantu bethu, IMfundiso Yakho ichasene kakhulu naloo nto siyikholwayo.” Ayitshintshanga. Yabona? Ayinjalo. Ehe. “Asinakuba Nawe, Rabhi!” Nangoko Yena engqinelwe, egqinelwe ngeZibhalo ukuba WayenguBani, nangoko babengenakukholwa kuYo.

<sup>275</sup> Ekugqibeleni Wahamba kwada kwaba ngumzuzu wokugqibela, xana uSathana wacinga “NdiMfumene,” waMbethelela emnqamlezweni. Ukwehla, ukwehla, ukwehla, ukwehla, bade ekugqibeleni bacinga ukuba babenaYe, baMfaka engwabeni. Kodwa kulapho uThixo wanyathela embonakalweni. Ukuphuma engwabeni wavuka! Kuba?

<sup>276</sup> Into efanayo, uPawulos, wathi, “Bonke... uDemas undishiyile. Bonke abantu bandishiyile ngenxa yeLizwi.” Andikholwa ukuba uDemas waya kwiiklabhu zasebusuku kunye nezinto. Kodwa uDemas wayefuna ukuhamba, uDemas wayeyindoda esisityebi. Kwaye wayefuna ukuhamba neqela elidumileyo, kwaye ke wemka waya phaya apho bonke abanye bayakhona. Kwaye ngoko uPawulos wathi, “Bonke abantu bandishiyile.” Ngokuba? Ulungiselelo lwakhe, lwalusiza kwilitye lentloko lwalo, lusihla ukuya ekugqibeleni.

<sup>277</sup> Umnqweno wakhe yayikukuba ngumfeli nkolo ngenxa yokuba wambulala uStefano, wakungqinela ukufa kwakhe kwaye wakugunyazisa oko. Wayefuna ukufa. Xana u... u-Agabho, laa mprofeti waziwayo, wema ngakuye, wamxelela ukuba angenyuki ukuya eYerusalem, wathi, “Ndiyazi ukuba ndingayi. Kodwa andithandi kuya nje kuphela, ukuya ndikumakamandela kwaye ndikhonkxiwe, eYerusalem, kodwa ndikulungele ukuya kwaye ndife ngenxa yeNkosi uYesu.” Lonto yayiyintoni? Wayetywina ulungiselelo lwakhe.

<sup>278</sup> Owu Bandla likaThixo ophilileyo, singathetha ubusuku bonke. Siya kuwutywina njani uMyalezo wethu? Siya kuyenza njani loo nto? Thixo, sincece sithabathe eli Lizwi, sime ngokukhalipha. Makhe ndife ngeLizwi; phila ngeLizwi, yifa ngeLizwi. Sasaza ukuKhanya, kuba kuyakubakho ukuKhanya ngeza langokuhlwa. Sikuloo yure, bahlobo. Makhe siYikholwe, njengokuba sithobisa iintloko zethu.

<sup>279</sup> Okokuqala, ndicela uxolo ngokunigcina lonke eli xesha, kanye kwiiyure ezimbini, iyure kunye nemizuzu engamashumi amane anesihlanu, Ndiyacinga, ngqo. Ndiyathemba ukuba akukho nto yenzakalisileyo. Akufanele ukuba sikhubekise. Oko, ukuba oko kokweyethu—ukuba oko kukweyethu intliziyo nasemphefumleni wethu, ngoko asilunganga, ngokwethu,

ukuba thina balungiseleli sithetha nje ezo zinto, abazalwana bam apha, la madoda azaliswe nguMoya oyiNgcwele. Yabona?

<sup>280</sup> Xana ndasindiswayo kwaye ndaxelela umalusi wam waseBhaptizi ukuba ndamkele uMoya oyiNgcwele, nazo zonke ezi zinto, ezi...kwaye iNgelosi yeNkosi yandixelela into emandiyenze, wathi, “Kumele ukuba uye wanephupha elibi, Billy.”

Ndathi, “Gqirha Davis, ndabona iNgelosi.”

<sup>281</sup> Wathi, “Owu, imfitshimfitshi!” Wathi, “Leyo—leyo yekamtyholi.” Yabona? Owu, bethu, indlela eyandivisa kabuhlungu ngayo loo nto! Wathi, “Uyakushumayela kookumkani kunye nezilawuli?”

Ndathi, “Yiloo nto Yayithethayo.”

Wathi, “Ngemfundo yebanga lesixhenxe?”

Ndathi, “Yiloo nto Yayithethayo.”

<sup>282</sup> Wathi, “Ucinga ukuba ngubani oya kuphulaphula? Uphuma ukuya kushumayela impiliso eNgcwele ngosuku olunje, nalo lonke uphando olululo lwezonyango kunye nezinto?”

Ndathi, “Andinako ukunceda ukuba bangaphi ooGoliyathi abemi phaya.”

Wathi, “Ucinga ukuba ngubani oya kukuva?”

<sup>283</sup> Ndathi, “Ukuba uThixo uyandithuma, kuyakubakho umntu oya kundiva.”

<sup>284</sup> Ndandingazi malunga ngani bantu ngoko. Kwaye xana ndisiza kuni, kwaba nje ngokungathi ndifaka iglavu esandleni, ndilingana kakuhle kunye nani. Ndiyanithanda. Ndiyanithanda. Ndiyabathanda abazalwana bam abangabelusi. Ucinga ukuba umRhabe, umWisile, okanye umLutere, angavula inkonzo yabo njengokuba lo mzalwana enzile ngokuhlwanje, ukuze thina sihlale apha kwaye sishumayele olu hlobo lomyalezo? Hayi, mhlekazi, akunjalo konke konke. La ngamadoda angamakhaliya ayikholwayo iNyaniso. Ngoku yiba semgceci neLizwi kunye nabo, yabona, hlala kude usuke kwizinto zehlabathi.

<sup>285</sup> Bodade, vumelani iinwele zenu zikhule. Nxibani iilokhwe zenu, zintle kwaye zicocekile. Zintlani ngawe. Susa oko kuqatywa ebusweni bakho. Yabona? UneSibhalo esininzi sokuqaba kunokuba unaso sokucheba iinwele zakho. Kunjalo oko. Musa ukukwenza oko. Musa ukukwenza oko. IBhayibhile yathi yinto elihlazo ukuba umfazi ayenze. Iinwele luzuko lwakhe. Ngoku uthi, “Yinto encinane leyo.” Kulungile konke oko, makhe sikhuphe izinto ezincinane endleleni kwaye ngoko singanokuthetha malunga nezinto ezinkulu. Makhe siqaliseni kakuhle.

286 Ngoku, bazalwana. Owu, bethu! Makhe ndithethe into ibenye kwindoda. Mnumzana, mzalwana wam, ukuba uyakuvumela umfazi wakho ukuba enze into enjenga leyo, Ndinentloni ngawe, kwaye ubanga ukuba uyindoda ezaliswe nguMoya. Zintloni ngawe, uvumele unkosikazi wakho ahambe esitalatweni.

287 Kwaye isinxibo sakho sonke esinomtsalane ngokwesondo yonke into elolo hlobo, kwaye uyazi ukuba iBhayibhile yathi, uYesu wathi, “Nabani na okhangela kumntu oyinkazana ukuba amkhanuke sele ekrexezile naye?”

288 Uthi, “Ngoku yima umzuzu nje, mzalwana wam, ndimsulwa.” Ndiyakholwa ukuba nawe unjalo, dade wethu, umsulwa kwisenzo semvelo. Kodwa ukuba uye waziveza ngokwakho kwaye umoni wakukhangela, kwaye uziveze ngolo hlobo, ngubani onetyala? Nguwe, ngokuziveza kwakho. Ngoko ngomhla woMgwebo, xana la moni ephendula ngenxa yokukrexeza, ngubani awathi wakrexeza naye entliziyweni yakhe? Nguwe! Kuba? Ngokuba waziveza ngokwakho. Ngoku, leyo nje yiNyaniso.

289 Awungekhe, awungekhe, dade, nceda, eGameni likaYesu, ndingakucela njengomzalwana wakho, ngqalisa?

290 Mzalwana, zintloni ngawe ngenxa yokuphatha umzi wakho ngoloo hlobo, ngqalisa. Ndi—ndinamathemba angcono ngawe njengendoda. Yabona?

291 Belusi abavumela abo bantu bangene ngaphakathi, bathabathe amadikoni nayo yonke enye into nemisebenzi elolo hlobo, ngabafazi ababini okanye abathathu abaphilayo, nezinto, awunazintloni, mlungiseleli? Awunazintloni ngezo zinto? Kwaye uthabathe loo malungu phaya xana ephila elukrexezweni, kwaye etshaya imidiza, nokwenza konke, kwaye ungekaze uyikhankanye lonto ukuphuma eqongeni. Zintloni kuni! Ndi—ndi—ndiyathandaza ngenxa yakho, mzalwana.

292 UThixo anisikelele. Ndiyabulela ngomonde wenu wokundinyamezela. Ngoku, ndiyazibuza . . .

293 UkuKhanya kwangokuhlwa kufikile. UkuKhanya kwangokuhlwa kulapha, makubuyelwe kwiLizwi.

294 Ngoku, ngeentloko zenu zithotyisiwe, iintliziyo zenu zithotyisiwe, zibuze lo mbuzo, “Ingaba ndiyahambelana neli Lizwi? Ingaba ndinjalo?”

295 Umthandazo wam ngulo, ukusuka eqongeni, “Owu Thixo, yinqumle kum yonke into engafaniyo naWe. Owu Thixo, yisusa imke kum.” Silapha ezantsi ekupheleni kwendlela.

296 Kulungile, unganyaniseka ngolo hlobo ukuphakamisa izandla zakho uze uthi, “Thixo, nqumla kusuke kum yonke into engafaniyo naWe. Ndenze, Nkosi, ndibumbe kwaye undenze?” Inkosi inisikelele.

297 Ukuba kukho nabani na ongalunganga, kwaye ungumoni kwaye uye wakhukulisekela apha ngokuhlwanje, kwaye akazange amamkele uKristu njengoMsindisi, okanye umkreqi okanye into, kwaye ufuna ukubuya, uyamenywa ukuba uze kuma apha esiguqweni. Ukuba uyakholwa ukuba uThixo uyakuyiva imithandazo yam ngenxa yabagulayo, ndiyakholwa Ukuba uyakundiva. Kwaye wena kunye nam kunye njengokuba sibeka ukholo lwethu phezu kweDini, UYesu Kristu, uNyana kaThixo, kwaye sinikela umthandazo, ndiyakholwa ukuba uThixo uyakuva. Uyamenywa ukuba uze kwaye ume ngenxa yomthandazo.

298 Ngoku, Bawo wethu oseZulwini, sinikela kuWe esi sihlele, la mazwi ophukileyo lawo athe amade, Nkosi. Nkqu nabaninzi badiniwe kwaye badiniwe kwaye bagodukile, kwaye mhlawumbi abanye baye baziva kakubi kancinane, kwaye, Nkosi, a—andinako nje ukuxela ukuba ngubani okhoyo kwisihlele ngalo lonke ixesha. Kwaye, emva kwako konke, Bawo, LiLizwi Lakho kwaye Uyayazi intliziyo yam. Ke... kwaye ndingu... Yeha kum ukuba andikwenzi oko. Kwaye ndi—ndimelwe kukukwenza oko, Nkosi. Ke ndiyathandaza ngoku ukuba abantu abaliqondayo iLizwi baya kuliqonda nokucacileyo, kwaye ndiqinisekile ukuba abo Ubabizele eBomini bayakwenza njalo, oko akuyiyo nantoni na ehlabathini kodwa intliziyo ezele luthando ngenxa kaThixo kunye neBandla Lakhe ukuba ndizithethelele ezi zinto.

299 Bawo, ngokubonakalayo sonke isandla esilapha sinyukele phezulu ngenxa yolwaluko, ukunqunyulwa kumke yonke intsalela leyo ingeyoyaphaya. Thixo, sincede sonke. Ndimi kanye nabo, Nkosi. Ndingomnye wabo, ndikhangele ukufika kwaloo mini leyo yovuyo yeMinyaka eliwaka xana isono nehlozi ziya kutshatyalaliswa ngonaphakade. Kwaye, Bawo, ngeli thuba sisekweli hlabathi siyazi ukuba siphantsi kwezi zinto, siphantsi kweempazamo, siphantsi kwesono, sisahamba, kwaye nangoko asinqweneli kusenza. Njengokuba iBhayibhile yatsho, “Musa ukutyhafa xana usohlwaywa.” Kodwa ndiyathandaza, Bawo, ukuba ukohlwaya kweLizwi kundinqumle kalukhuni njengokuba kubanqumla bonke abanye. Kwaye ndiyathandaza, Bawo, ukuba baya kuliqonda ngaloo ndlela.

300 Ndiyathandaza ukuba Uyakubasikelela ngoku. Kwaye kwanga oku, njengokuba besithandazile ngaphambili, Nkosi, sisazi kwaye sikhangele loo nto siyicelayo, ngokuba asifuni kucela ngokungafanelekanga, asifuni kucela into yokwenza nje amazwi awenziweyo, ngokuba sithetha kuWe.

301 NdiyaKucela ukuba usikelele umzalwana wethu omncinane apha lowo undivulele ucango lwakhe ukuba ndingene ngokuhlwanje. Ndiyathandaza ukuba Uyakusikelela ibandla lakhe kwaye anga onke amalungu akhe, Nkosi, nje... Yanga le

ingaba yindlu yokukhanya, indawo apho izibabalo zikaThixo ziphuphuma khona kwaye yonke into nje ihamba kakuhle.

<sup>302</sup> Sikelela wonke umlungiseleli lowo uhleli apha, amabandla abo. Kwaye kwanga kungakho ukushukuma okungako, okanye isandi kumthi womqunube, woMoya kaThixo unqumla ePhoenix, kwaye usizisa amabandla kubudlelane kwaye nakwi—kwaye nakwimvuselelo enkulu, okokuba abalungiseleli bangabi nako ukushumayela, ngenxa yoZuko lukaThixo; kodwa xana abangcwele behlanganisana kwangexesha emva kwemini, ukulila nokuthandaza nobungqina nemiyalezo, nje ukuthululwa kwenene koMoya, xana isixeko siphela siyakutsaleka ukuba size, phulaphula. Siphe oko ngoku.

<sup>303</sup> Philisa abagulayo phakathi kwethu, Nkosi. Nika kubo intlangulo eNgcwele, Bawo, ngeGama likaYesu Kristu.

<sup>304</sup> Ngoku ngeentloko zethu zithotyisiwe, ukuba kukho nabani apha lowo unqwenela ukuma kanye angqonge isiguqo ngoku, kwaye ngeli thuba sineentloko zethu zithotyisiwe, kwaye nje sizakungumshela iculo elincinane, e—e—elilungileyo, iculo elidala leVangeli. Kwaye sifuna ukungqumshela oko. Kwaye xana sisenza, ukuba kukho nabani na onqwenela ukuba sithandaze ngenxa yakho, ukuya ku—ku mava anzulu, ukwamkela uMoya oyiNgcwele, okanye usindisiwe kwaye awukangwaliswa okwangoku, okanye nantoni na, siyakuvuya ukwenza oko ngeli thuba singqumshela eli culo lincinane, *NdiyaMthanda*. Kwaye ukuba uyaMthanda, makhe sihloniphe iLizwi Lakhe ngoku.

NdiyaMthanda, ndiyaMthanda  
Ngokuba Wandithanda kuqala  
Kwaye wathenga usindiso lwam  
Emthini waseKhalvari.

<sup>305</sup> Ngelithuba besiza, ndifuna ukuba ngamnye athabathe indawo yabo apha ngoku. Konke kulungile, dade.

. . . Mthanda, ndiyaMthanda  
Ngokuba Yena . . .

Yizani ngoku, ningqonge isiguqo, nina abo bafuna ukuza ngoku.

. . . mna  
Kwaye wahlawulela usindiso lwam  
EKhalvari . . .

<sup>306</sup> Kutheni abanye benu boodade abaneenwele ezimfutshane bengezi apha kwaye babhambathise kuThixo? Niyafuna ndinifundele yona ukuphuma eBhayibhileni? Konke kulungile. Aniyi kuza, nithi, “Nkosi, ndifuna ukulunga kuzo zonke izinto, kwaye ndifuna ukuqalisa kakuhle. Kwaye ndifuna ukungena endleleni elungileyo kwaye ndihlale phaya. Ndiyakwenza



isibhambathiso kuWe ngobubusuku, Nkosi. Ziya kukhula ukusuka ngoku ukuya phambili”?

<sup>307</sup> IBhayibhile yathi kulihlazo ukuba indoda ibe neenwele ezinde, ikhangeleka njengomfazi. UThixo wenza iminqophiso emibini, omnye no-Adam kwaye omnye no-Eva. Wabanxibisa ngokwahlukileyo. Bohlukile, ngokupheleleyo. Bahlala bohluke. Kukho iminqophiso emibini ukuhla kuyo yonke iBhayibhile. Ndingathanda ukushumayela ngaloo minqophiso mibini ngobunye ubusuku, ngaxesha lithile, ndinibonise ukuba yintoni umahluko. Owu, bethu, iyamangalisa lonto. Ikuwo kwa nomba wetyala lenu loqhawulo mtshato, ukuba ubuyazile inyaniso kuloo nto, ibiya kuwugqiba wonke umcimbi. Kunjalo oko. Konke kulungile, kwakhona ngoku, ngeli thuba siqinisekileyo ngoku. Yiza, awunakwenjenjalo?

NdiyaMthanda . . .

Uswele uMoya oyiNgewele? Nyukani nize, yimani khona apha.

Ngokuba Wandithanda kuqala  
Kwaye . . .

Ufuna uhambo olusondeleyo kunye Naye? Yiza, yenza isifungo, ume ngakuYe kwaye usigcine. Akuyi kwenza okulungileyo ukwenza isifungo ngaphandle kokuba usigcine.

E . . .

Ungeza wenze isifungo sakho. UThixo umelwe kukusizalisa. Ubambe nje isifungo sakho.

<sup>308</sup> Ngoku ndiza kunicela bazalwana bam bangabalungiseleli ukuba niza kuhamba nihle ngoku ningqonge apha, yimani kanye malunga naba bantu baxabisekileyo ngeli thuba sithandazayo kanye apha, thetha nomntu ngamnye, buza iintswelo zabo ngoku njengelithuba silapha.

<sup>309</sup> Wonke umntu unentlonipho nje kangangoko unokuba nako. Ngoku, uThixo uyakukuhlonipha, yibani nentlonipho ngenene ude wenziwe lo mthandazo. Ningeza kanye ningqonge ngoku, apha, khona apha, phezulu nasemva kwaba bantu abo bemi apha ngenxa yomthandazo.

Emthini waseKhalvari.

<sup>310</sup> Ngoku kwakhona, ngelithuba kukho abalungiseleli behlanganisana kumacala omabini.

NdiyaMthanda, ndi . . .

Ndiyathanda ukubona oko, abalungiseleli bemibutho eyahlukeneyo, bonke kokunye ngoku; oko kuphantsi kweGazi.

Ngokuba Wandithanda kuqala  
Kwaye wahlawulela usindiso lwam  
Emthini waseKhalvari. (Bethu!)

<sup>311</sup> Ngoku nyukani, bazalwana, kanye kumntu wakho omi ngakuye, beka isandla sakhlo phezu kwabo kwaye nibabuze ukuba bafuna ntoni na esuka kuThixo. Eli lixesha elimangalisayo? Uyazi, xana ndibona oku, khangela apha, abalungiseleli bamabandla ohlukeneyo, bemi bengqongile kunye. Oodade abaya bebewibhedi bavukile, baphumile, bemkile. Mayibongwe iNkosi. Siyabulela kakhulu ngaloo nto, ndimi eGameni leNkosi.

<sup>312</sup> Ngoku, makhe isihlwele ngoku, wonke umntu athobe intloko yakhe. Ngamnye kuni ngoku, entliziyweni yenu, thetha nje noThixo njengokuba ubuya kuthetha kum; njengokuba ubuya kuza phezu kwaye uthi, “Mzalwana uBranham, ndi—ndi...” Ukuba ubuwenze into engalunganga, yithi, “Uxolo, Mzalwana uBranham. Nde—ndenze oku, ingaba uya kundixolela ngayo? Ndizakwenza isithembiso kuwe, Mzalwana uBranham, andisayi kuphinda ndikwenze oko nxamnye nawe kwakhona.” Ngoku tshintsha nje ukusuka kwigama lam, ukusuka kum, ukuya kwiNkosi yakho uYesu Kristu.

<sup>313</sup> Kwaye ukuba udinga impiliso, njengokuba ungeza uthi, “Mzalwana uBranham, a—andinamali, Khange ndibe naso nasiphi na isidlo sangokuhlwa ngobubusuku, kwaye, ehe, ndiyazi ukuba ubunedola ubuyakundinika yona.” Ngoku, yabona, awunyanzelekanga ukuba utsho kuThixo, “Ukuba unamandla empiliso.” Unayo, yabona. Ubuya kufuneka uthi kum, “*Ukuba unayo.*” Kodwa kuYe akufuneki utsho, “*Ukuba unayo.*” Unayo! Yabona? Ngoku uthi, njenge, “Mzalwana uBranham, ungandinika idolola? Ndi—ndi—ndiswele into yokutya.” Ngokuba, kakade bendiya kuyenza, uyakwazi oko. Ukuba bendinayo bendiya kukunika yona, nangaliphi na ixesha. Bendiya kuba ndinentliziyo eyoyikekayo ukuba andikwenzi. Kwaye mna, ekubeni ndikhohlakele, indoda ezele sisono, kwaye bendiyakuba nentliziyo elungileyo kumntu ofana nawe, yintoni uThixo ayakubayiyoyi?

<sup>314</sup> “Ukuba nina nikhohlakele nje niyakwazi ukunika iziphlo ezilungileyo, wobeka phi na ke yena uYihlo wenu oseZulwini ukubapha uMoya, abo bawucelaYo.” “Ukuba uthe wacela intlanzi, Angakunika inyoka kusini na? Ucela isonka, Angakunika ilitye kusini na?” Ngokuqinisekileyo akunjalo!

<sup>315</sup> Ngokuba, ukuba ubunokuMcela ngalo ndlela, ngokholo, ukholwa ukuba, ungayifumana kuYe ngokukhawuleza kangangesigidi kunokuba ubunokufumana nantoni na ukusuka kum. Kwaye uyazi ukuba bendiyakukunceda, ndingenza nantoni na endinokuyenza. Nawuphi na kwaba bazalwana angenza njalo, singomba yonke ipeni ezipokothweni zethu ukukunceda. Singenza nantoni na esinokuyenza. Kodwa le yinto ekufuneka uyikholwe ngokholo.

<sup>316</sup> Ngoku, niyakholwa ukuba niyakuyamkela ngeli

thuba sithandazayo, kwaye uthandaze, kwaye isihlwele sithandaze, kwaye ndiyakholwa ukuba uThixo uyakuhla kwaye awuhloniphe umthandazo wethu. Kwaye ngalomzuzu uzivayo ukuba unaWo, ukuba uThixo uya wuphendula umthandazo wakho, ngoko wenza umnqophiso, “Nkosi, ndenze ngokuphosakeleyo, andisayi kuphinde ndikwenze oko. Ndiya kuphakamisa isandla sam, ndiyakuthembisa ukuba andisoze,” UThixo uyakukuthabatha elizwini lakho. Kwaye uyikholwe nje ngaloo ndlela kwaye konke kuya kudlula. Ngoko nje phakamisa izandla zakho kwaye uMbulele, “Nkosi, ndenze isifungo sam. Kwaye ndiyazi ukuba yeYakho, kwaye Uthembise ukuba uyakuyiphendula, kwaye Awunako ukusilela.”

<sup>317</sup> Bawo oseZulwini, thina, bakhonzi Bakho, simi phezu kweli qela abo beze ngaphambili bedinga iintsikelelo Zakho kunye nengqwalaselo Yakho ngeli xesha. Bawo, bazimbasa zoMyalezo, ukuKhanya kwexesha langokuhlwa. Abaninzi babo, Nkosi, bayavuma. Abanye babo baswele ngokunxungupheleyo. Ndiyathandaza, Thixo, ukuba eGameni likaYesu Awuyi kugxotha namnye kubo, ngokuba Uyakuligcina iLizwi Lakho. Ndizisa iLizwi Lakho enkumbulweni Yakho, Nkosi, njengokuba uPetros wenzayo nabafundi xana babethandaza kwiZenzo 4, bathi, “Nkosi, khumbula iLizwi! Kutheni na ukuba iintlanga zibhavumla kwaye abantu bacamanga izinto ezingento?”


<sup>318</sup> Ngoku, Bawo, sizisa iLizwi Lakho. Wathi, “Lowo ukholwayo kuM unoBomi obungunaphakade. Lowo uzayo kuM andisayi kukha ndimlahlele ngaphandle. Lowo uwevayo amaZwi aM akholwe kuLowo waNdithumayo unoBomi obunguNaphakade, kwaye akasayi kuza eMgwebeni kodwa udlule ekufeni wangena eBomini.”

<sup>319</sup> Owu, senzeni izicelo zethu zaziwe kuThixo, kwaye Uya kusiphendula. Uyintabalala... “Lowo othe wazivuma izono zakhe uya kuxolelwa. Lowo usifihlayo isono sakhe akayi kuba nampumelelo.” Kwaye siyabuvuma ukubugwenxa bethu. Kwaye ndivuma ubugwenxa babantu. Ndiyabuvuma okwam ukungalungisi. Ndicela inceba. Ndicela ukuphiliswa. Ndicela ubabalo. Ndiyakucela ukuba Uthulule uMoya oyiNgewele, Nkosi, kanye ngoku phezu kwaba bantu balindileyo, ukuba ubomi babo buya kuguqulwa kwibhloko yokubumba kaThixo, kwaye baya kuxeliswa ngokomfanekiso woNyana kaThixo, ukuba uMoya lowo owaMdlisa ubomi, ukuba uya kungena kwimizimba yabo kwaye ubenze oonyana neentombi zikaThixo. Sipe oko, Nkosi.

<sup>320</sup> Siyakholwa ukuba Ukho. Siyakholwa ukuba uyakulihlonipha iLizwi Lakho. Siyakholwa ukuba Uyakuyihlonipha imizamo yeLizwi. Ngoku thumela ezi ntsikelelo phezu kwaba bantu njengoko belindele uBukho Bakho ukuba ubandwendwele apha esiguqweni. NgeGama likaYesu.

<sup>321</sup> Ngoku, ukuba uyakholwa, kwaye ukholwe ukuba wamnkele, phakamisela isandla sakho kuThixo. Ukuba uyawamkela njengomthandazo wokholo kunye nesifungo sakho njengokuba ngoku uguqukela kuThixo, phakamisa izandla zakho.

<sup>322</sup> Kwaye makhe isihlwele sime. Wonke umntu, yimani, abo bafuna ukwenza isibhambathiso kuThixo, ngoku yithini, “NdiyaLikhola. NdiyaLamkela. NdiyaLikhola.”

<sup>323</sup> Ngoku phakamisa izandla zakho kwaye uMnike indumiso kwaye kuya kugqitywa konke. Uzuko kuThixo! Enkosi, Nkosi Yesu, ngokulunga Kwakho nenceba Yakho, nako konke oko Othe wasenzela kona, Nkosi. SiKunika indumiso ngoYesu Kristu. 

63-0116 UMthunywa Wangokuhlwa  
e-Pentecostal Church Of God  
e-Mesa, e-Arizona U.S.A.

XHOSA

©2024 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)

## Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS

P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.

[www.branham.org](http://www.branham.org)